



**Funda
Wande**
Reading for Meaning



Ikota 3

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso

Imibulelo ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

Iqweqwe

Anja Stoeckigt

Iikhredithi zeefoto

Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini;
iStock: Iphepha 72: dimdimich (isiphinyeli);
Shutterstock: Iphepha 58: M. Unal Ozmen (isityalo setumato), Iphepha 80: ivanfolio (ipapa).
Freepik ngoncedo lwabo ngawo onke amanye amaphepha
ashicilelweyo avela kwiNcwadi Yomfundi Yomsebenzi.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-77630-619-0

Version 4: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, IBanga 1, Ikota 3, CC BY 4.0.*

Awunakangeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho

Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
---	-----------

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wandé

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe.....	1
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa.....	1
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise.....	1
Isicwangciso seKota yesi-3.....	2
IBanga lesi-3 Isicwangciso seveki.....	4
Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yesi-3.....	5
Iveki yoku-1 Iindawo ezikhoyo kwindawo endihlala kuyo.....	6
Iveki yesi-2 Abantu kwindawo endihlala kuyo.....	18
Iveki yesi-3 Izilo-qabane.....	30
Iveki yesi-4 Isimilo esilungileyo.....	42
Iveki yesi-5 Amalungu esityalo.....	54
Iveki yesi-6 Kutheni sizidinga izityalo.....	66
Iveki yesi-7 Iinyaniso ngokutya.....	78
Iveki yesi-8 Ukutya okunesondlo.....	90
Iveki ye-9 Ukugcina ukutya.....	102
Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo.....	114

Uhlolo, iKota yesi-3	116
-----------------------------------	------------


IsiCwangciso soHlolo iKota yesi-3.....	116
Uxwebhu lokumakisha, iKota yesi-3.....	116
Uhlolo LweLitheresi iKota yesi-3.....	117
Uhlolo lweZandi.....	118
Uhlolo lokuFunda neNgqiqo.....	119
Uhlolo lokuBhala ngeSandla.....	120
Uhlolo lokuBhala.....	121
Uhlolo loLwazi olusisiSeko nePN.....	122
Uhlolo lwezobuGsisu obuBonwayo.....	123
Uhlolo lobuGcisa beQonga.....	124
Uhlolo lweZemiThambo.....	125
Amaphepha afotokotshwayo ohlolo.....	126

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya




IBali eliFundwa
ngokuVakalayo/
UkuPhulaphula
nokuThetha



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



UkuFunda
ngamaQela
eNcediswa
nguTitshala



UmSebenzi Owenza
Wedwa



Ukujonga nokunika
ingxelo
(LK neKB)

IzaKhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha
neNtlalo



EzobuGcisa
beQonga




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imibala
okanye zoba



Sika

INcwadi kaTitshala – NT
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi – NYY
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala
– FQNT
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
UmSebenzi Owenza Wenza – SOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wandé

Inkqubo yakwaFunda Wandé idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye nezaKhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1–3 esekelwe kwikharithulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise ulwazi olusisiseko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sotitshala abaxakekileyo, ukukunceda ngesicwangciso sakho, ulandelelwano nohlolo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelwano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sekota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlolo** ecebisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlolo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharithulam kaCAPS.




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundiso ngasinye kwinkqubo kaFunda Wandé. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo namanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo.

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **Injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **Inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi ezithe kratya
3. **Indlela yokufundisa:** indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelwano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **Ukwahlula:** ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **Uhlolo olungekho seSikweni:** indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **Uhlolo oluseSikweni:** indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi ezifundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharithulam kaCAPS




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1–3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)

inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.

INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetyenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo zokuFunda noTitshala neseZakhono zoBomi. Zikhona kwikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amamphepha eNcwadi eNkulu (NN) akhona nakwi**INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)**.



Isicwangciso seKota yesi-3

Iveki	Umxholo	Ibali eliFundwa ngokuVakalayo	Ibali lokuFunda noTitshala	IzaKhono zoBomi Isicatshulwa esineenkukacha	LS nePN	UkuPhulaphula nokuThetha
1	Indawo endihlala kuyo: iindawo kwindawo endihlala kuyo	<i>UThabo ubhalisa kwithala leencwadi</i>	<i>UThabo ubhalisa kwithala leencwadi</i>	Imithetho yokuphatha incwadi (itheyibhuli)	1. Abancedi boluntu (xoxa) 2. Gcina ibala lokudlala licocekile (ukuchonga nokuhlela inkunkuma)	1. Xoxani ngethala leencwadi kunye neencwadi 2. Ukucengceleza umbongo
2	Indawo endihlala kuyo: Abantu kwindawo endihlala kuyo	<i>Ingozi yezithuthi</i>	<i>Abantu abanceda wonke umntu</i>	Iindawo ezikhoyo kwilali yethu (itheyibhuli)	1. Indawo nabancedi (thelekisa) 2. Ukufumana uncedo (ukusombulula ingxaki)	1. Ukulungiselela imibuzo yondwendwe lweklasi 2. Yenza isicengcelezo esibalayo
3	Izilo-qabane	<i>Ikati elambileyo</i>	<i>Ikati elambileyo</i>	Yintoni efunwa zizilo-qabane (imephu yomfanekiso)	1. Izilo-qabane zidinga izindlu (Tshatisa) 2. Kutheni sinezilo-qabane (ingxoxo)	1. Xoxani ngekati nokulahleka 2. Yenza isicengcelezo sabantwana
4	Isimilo kunye noxanduva	<i>UTshikana, ihagwana</i>	<i>UTshikana ihagwana</i>	Isimilo esilungileyo (Uluhlu lokujonga)	1. Uluhlu lokujonga isimilo esilungileyo (luyagqityezelwa) 2. Isimilo esilungileyo nesingalunganga (ingxoxo)	1. Amagama abonisa isimilo esilungileyo (lingisani) 2. Yenza isicengcelezo esinentshukumo
5	Izityalo nembewu: Amalungu ezityalo	<i>Isitya semifuno sesikolo sethu</i>	<i>Isityalo sam sembotyi</i>	Amabakala okukhulisa isityalo sembotyi (landelelanisa)	1. Amalungu ezityalo; Sitya awaphi amalungu? 2. Sikhula njani isityalo (landelelanisa)	1. Uluvo malunga nemifuno (ukubuza nokuphendula imibuzo) 2. Yenza isicengcelezo esineentshukumo
6	Izityalo nembewu: Kutheni sizidinga izityalo	<i>UMajeke nomthi weembotyi</i>	<i>UMajeke nomthi weembotyi</i>	Iindidi zezityalo (itheyibhile)	1. Uhlolo loku-1: Zifuna ntoni izilo-qabane 2. Thelekisa izityalo (itheyibhile)	1. Xoxani ngoMajeke nomthi weembotyi Uhlolo loku-1: phendula imibuzo emalunga nezilo-qabane 2. Mamela umbongo
7	Ukutya: Iinyaniso ngokutya	<i>Isuphu emnandi nembi</i>	<i>Isuphu emnandi nembi</i>	Kufumanekaphi ukutya (itheyibhile)	1. Kufumanekaphi ukutya (tshatisa) 2. Ukutya endikuthandayo (itshekilisti)	1. Mabathekelele iimpindulo 2. Yenza isicengcelezo esineentshukumo
8	Ukutya: Ukutya Okunesondlo	<i>Ezilahlekileyo nezifunyenweyo</i>	<i>Isuphu emnandi nembi (isiqendu sesibini)</i>	Izimuncumuncu ezisempilweni (itheyibhuli)	Uhlolo lwesi-2: Ukukhula kwezityalo (landelelanisa) 1. Kutheni sizidinga izityalo	Uhlolo lwesi-2: ezilahlekileyo nezifunyenweyo 1. Cinga-ngababini-yabelana 2. Culani ingoma
9	Ukutya: Ukugcina ukutya	<i>Ithanga elikhulukazi</i>	<i>Indlela yokwenza isaladi yeziqhamo (iresiphi)</i>	Iintlobo-ntlobo zokutya ezintlanu (Uluhlu)	1. Kokuphi ukutya okusempilweni? 2. Ukugcina ukutya	1. Ukuphinda ubalise ibali 2. Yenza isicengcelezo esibalayo
10	Ukudityaniswa kunye nohlaziyo					

Ukwakhiwa koLwimi	Ukubhala Wedwa	FQNT nomSebenzi Owenza Wedwa	Izandi	EzobuGcisa	EzemiThambo
Jonga isikhokelo seNdelela yokuFundisa kwiphepha X ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshatala nokuBhala.	PN: imigaqo yokukhathalela incwadi SOW: zoba uze ubhale imigaqo yokukhathalela incwadi	Iqela elinye ngemini notitshala Lungiselela ukufunda ngababini SOW amaphepha asi-7	t, r Dlalani umdlalo wePayirethi	EzobuGcisa obuBonwayo: yenza isahluli maphepha kunye neqwqwe lencwadi EzobuGcisa beQonga: chaza uze ulinganise umntu wasekuhlaleni	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ukubhala notitshala: umyalezo wokubulela (ingxoxo) Ukubhala uwedwa: umyalezo wombulelo (bhala)	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW amaphepha asi-7	ph, th Ubizelo	EzobuGcisa obuBonwayo: cwangcisa uze wenze isitalato sasekuhlaleni (yila u3-D) EzobuGcisa beQonga: umsebenzi wokulinganisa; undwendwe lweklasi (umntu wasekuhlaleni)	Imisebenzi ekhethiweyo
	Ukubhala notitshala: chaza isilo-qabane SOW: zoba umfanekiso uze ubhale isivakalisi ngesilo-qabane	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW amaphepha asi-8	sh, bh Ukukhangela igama	EzobuGcisa obuBonwayo: zoba uze wenze isilo-qabane sentekelelo (ngezinto ezilahlwayo) EzobuGcisa beQonga: linganisa isilwanyana, yenza izivakalisi ezineentshukumo zezilwanyana	Imisebenzi ekhethiweyo
	PN: ingxoxo-mpikiswano (ukubulisa) SOW: zoba umntu uze ubhale isibuliso	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW amaphepha asi-8	hl, dl Ubizelo	EzobuGcisa obuBonwayo: yenza ikhadi lesifungo nesimilo esilungileyo kunye nentyatyambo yesitya sesimilo esilungileyo EzobuGcisa beQonga: Linganisa isimilo esilungileyo Isitulo sokuthetha nokumamela	Imisebenzi ekhethiweyo
	PN: indlela ekhula ngayo imbewu yemboty (landelelanisa) SOW: bhala izivakalisi zibentathu zilandelelane	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW: amaphepha asi-8	ch, kh Dlalani umdlalo wombungu	EzobuGcisa obuBonwayo: iipatheni zokuhombisa igqabi; Qwalasela uze uzobe isityalo EzobuGcisa beQonga: imidlalo yomculo, iintshukumo zomculo	Imisebenzi ekhethiweyo
	PN: imephu yebali SOW: zoba umfanekiso uze ubhale umbhalo	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW: amaphephepha asi-8	ch, kh Ubizelo	EzobuGcisa obuBonwayo: Uhlolo loku-1: zoba uMajeke nomthi wemboty; sebenzisa iipatheni ukuhombisa imbewu yobugqi; zoba isityalo osithandayo	Imisebenzi ekhethiweyo
	PN: ukutya esikuthandayo (uluhlu) SOW: bhala uluhlu lokutya okuthandayo	Uhlolo loku-1 (ukufunda wedwa) SOW amaphepha asi-8	qh, ty Uhlolo loku: Ukubhala ngesandla Dlalani umdlalo wenkumba	EzobuGcisa beQonga: mabalinganise ibali: badlale indima yokuthenga; bachaze baqashele ukutya	Imisebenzi ekhethiweyo: Uhlolo loku-1 Landela imiyalelo
	Uhlolo loku-1 Ukutya endikuthandayo	Uhlolo lwesi-2: Funda itheyibhile Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW: amaphepha asi-8	nd, nx Uhlolo loku-1: Gqibezela amagama. Uhlolo lesi-2: Ubizelo	EzobuGcisa obuBonwayo	Imisebenzi ekhethiweyo
	PN: iresiphi yesaladi yeziqhamo SOW: Zoba inyathelo libe linye elikwi resiphi uze ubhale isivakalisi.	Amaqela amabini ngemini kunye notitshala SOW: amaphepha asi-8	nc, ny Dlala uqash-qash	UbuGcisa obuBonwayo: Yenza isijingisi sokutya okunempilo; chonga imibala yokutya. UbuGcisa obeQonga: Ukwenza isaladi yeziqhamo; "Ndiye emarikeneni"	Imisebenzi ekhethiweyo

IBanga loku-1 Isicwangciso seveki

Utshintsho kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlono:

- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa obuBonwayo** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa beQonga** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Kwe**ZemiThambo**, qhubeka usebenza ngezitishi ezine zomsebenzi, kodwa utshintsha ntshintshe abafundi kwe ziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), **izifundo ezifakelweyo zoFQNT** zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhono ezifundisiweyo evekini. Nika imisebenzi yokusebenza wedwa ekwincwadi yomsebenzi yakwaDBE okanye egumbini lokufundela.

IBANGA LOKU-1 (ULwimi lwaseKhaya)					
	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
IZIBALO * 85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esihlaziyiweyo					
I-ORALI					
15 imiz / 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (UkuFunda ibali ngokuvakalayo)	UkuPhulaphula nokuThetha		UkuPhulaphula nokuThetha (Ingoma/umbongo)	
ULWAZI OLUSISISEKO NEPN					
15 imiz	ULwazi olusiSiseko nePN (isifundo esigxile kwisicatshulwa) (30 imiz / 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	ULwazi olusiSiseko nePN (umsebenzi)	ULwazi olusiSiseko nePN		
UKUFUNDA NOKUBHALA					
INGUQUKO: tsheza iipensile, gqithisa iincwadi, nikeza ngemisebenzi					
15 imiz	Izandi (unobumba-sandi omtsha)	Izandi (umsebenzi)	Izandi (unobumba-sandi weveki yesi-5)	Izandi (ukudibanisa nokwahlula amalungu)	Izandi (umdlalo okanye ubizelo)
15 imiz	Ukubhala ngesandla (Iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	Ukubhala ngesandla (iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	
INGUQUKO: ingoma					
15 imiz		UkuFunda noTitshala 1 (gxila kwisicatshulwa)	UkuFunda noTitshala 2 (gxila ekuguquleni)	UkuFunda noTitshala 3 (gxila kwiimpindulo)	
15 imiz			UkuBhala noTitshala	UkuBhala noTitshala	UkuBhala Wedwa
yolula uze uhlukuhle / iqela maliye emetheni liyokwenza uFQNT					
30 imiz	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa
					Ukujonga nokunika ingxelo
IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)
30 imiz	UbuGcisa obuBonwayo	UbuGcisa obuBonwayo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	
30 imiz / 35 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*


*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yesi-3

Khetha imisebenzi emine kwiveki nganye, egxile kwizakhono ezahlukileyo.

lintshukumo zamalungu omzimba
• Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukeneyo • Ukusebenzisa iimvakalelo: ukumamela imiyalelo uhamba-hamba
Isingqi
• Tsiba ugqaphu usenza isicengcelezo • Ukuphosa izandla nibabini nisenza isicengcelezo • Ukutsiba usikhotshi
Icala
• Ukungcileza ngomlenze omnye wasekunene nowasekhohlo (landela inkokheli) • Ukuphosa ufake ibhola kwisazinge ngesandla esinye, sasekunene nesasekhohlo • Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukileyo
Ukuxhathisa
• Ukuhamba entanjeni ngamacala/usiya phambili/ubuya umva • Ukubeka izandla esinqeni/emqolo/emacaleni • Imidlalo ephephisayo nokutshintsha indlela
Ukusebenzisana kwamalungu
• Phosa ibhola kwinto elungiselelwe oko ngesandla sakho esomeleleyo/esibuthathaka, bala ozichanileyo • Khabela ibhola kwinto elungiselelwe oko ngonyawo olomeleleyo/elibuthathaka, bala ozichanileyo • Phosa ugange ingxowana eneenkozo • Yenza umdaniso oneentshukumo ezi-4–6 eziphindaphindayo • Ujingi – ingalo zibhabha ube ubambelele nca
Iindidi zemidlalo
• Dlala imidlalo elula yesiNtu, xoxani ngemigaqo • Landela inkokheli • Balekani umdyarho ngeenzwane/nibuya umva/ningcileza/ ikiriva/ukuhamba njengononkala • Imidlalo yeentshukumo – mayiquke imiba yobungakanani (ubukhulu/ubuncinane), umgama, indawo nobungakanani (ubuninzi/ubuncinci)
Ukuziqhelanisa nesithuba
• Ukubalekela kwiindlela ezahlukileyo bengagilani besebenzisa sonke isithuba esikhoyo • Ukuma emgceni/esangqeni • Ibala elinemiqobo: Ukutsiba/ukurhubuluza/ukukhasa/ ukunyuka/ukungcileza/njalol njalo

ISICWANGCISO SEVEKI



Iindawo ezikhoyo kwindawo endihlala kuyo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

incwadi

ithala leencwadi

phandle

ubhalise

uthembise

ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

Ixesha lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala kule veki lisetyenziselwa ukulungiselela abantwana ukuFunda ngababini. Iqela ngalinye lizakufumana ithuba elinye lokufunda kule veki. Iqela ngalinye lichitha imizuzu engama-30 kunye notitshala. Ukufunda ngababini kwenziwa kwiNYY kwiphepha lomSebenzi Owenza Wedwa. Nangona isicatshulwa siza kuqheleka akukho mifanekiso. Oku kuyakukhuthaza ukuziqhelanisa ngakumbi nezakhono zokuguqula umbhalo ofihlakeleyo.

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	Yazisa ukuFunda ngababini		SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	SOW 2	Yazisa ukuFunda ngababini		SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	Yazisa ukuFunda ngababini		SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	Yazisa ukuFunda ngababini		SOW 7	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	Yazisa ukuFunda ngababini	

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- amaphepha (A4 okanye amakhulu, amhlophe okanye emibala-bala)
- likhrayoni/ iikhoki, iipensile, isikere, iglu
- Imizekelo yezahluli maphepha encwadi, ubonisa abafundi indlela yokwenza iribhoni/ iwulu/ umtya
- Imifanekiso: izincamatshelisi/ iimagazini/ amaphephandaba
- Izinto zokubala kunye namadayisi wokudlala Umdlalo wePayirethi
- lingxowa okanye iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemithambo ekhethiweyo

UThabo ubhalisa kwithala leencwadi

UThabo waphiwa ngumalume wakhe incwadi entsha yemifanekiso, enabadlali besoka abadumileyo. UThabo wayeyithanda kakhulu le ncwadi. Babebuka kunye nomalume imifanekiso yabadlali besoka abadumileyo.

Ngosuku olulandeyo, emva kokudlala isoka, uThabo waphinda wayifunda incwadi yakhe. Walibala ukuzihlamba izandla zakhe. Ucinga ukuba kwenzeka ntoni? Iminwe yakhe emdaka yayingcolisa incwadi.

Emva koko waphuma phandle nencwadi yakhe uThabo, wayifunda. Esabuka imifanekiso waziva elambile. Wayishiya esitulweni incwadi ze wangena endlwini wakhangelanga into etyiwayo. Walibala tu ngencwadi ayishiye phandle, wasuka wabukela umabonakude. Yaqalisa ukuna imvula. Ucinga ukuba kwenzeka ntoni encwadini? Ewe, yanetha yamanzi tixi incwadi ze ancamatshelana amaphepha ayo. Awu! Yamoshakala incwadi kaThabo!

Ngenye imini utitshala kaThabo wacela abafundi ukuba beze neencwadi abazithandayo bazokuzibonisa iklasi. UThabo wayenqwenela ukuza nencwadi yakhe yesoka azokubonisa iklasi. Wayijonga wafika ineempawu ezimdaka futhi amaphepha edibene engakwazi ukuwatyhila.



Waqonda ukuba angekehe akwazi ukuya nayo esikolweni incwadi yakhe kuba yayimoshakele.

UVera weza nencwadi yakhe ethetha ngomdaniso webhaleyi.

Wachazela iklasi ukuba incwadi uyiboleke **kwithala leencwadi** elisedolophini. UVera wathi uzigcina ngenkathalo iincwadi zethala leencwadi. Bonke abafundi bayithanda incwadi kaVera.

Utitshala wachazela abafundi **ngemigaqo** yethala leencwadi. Wabaxelela ukuba xa ubhalisile njengelungu kwithala leencwadi, uyakwazi ukuboleka incwadi ibe kuwe iiveki okanye ezimbini ze emva koko uyibuyisele. Xa uyiboleka, incwadi igximfizwa ngesitampu kwiphetshana elifakwa ngaphambili, elibonisa umhla ekufuneka uyibuyise ngawo.

Ngale ndlela, wonke umntu ufumana ithuba loyikufunda incwadi nganye.

UThabo wayefuna ukubhalisa kwithala leencwadi aze aboleke incwadi. Umalume wakhe wamsa kwithala leencwadi elalisedolophini. Wafika wafumana ifomu ze wayigcwalisa, wabhala igama nedilesi kaThabo ze wamsayinela ifomu leyo.

UThabo wakhetha incwadi aza **kuyiboleka**. Umsebenzi wethala leencwadi wagximfiza incwadi ngesitampu esinomhla ekwakufuneka ayibuyise ngawo.

UThabo waqinisekisa ukuba uyazihlamba izandla phambi kokuba afunde incwadi yakhe. Wayigcina endaweni ekhuselekileyo incwadi yakhe futhi wayewatyhila ngononophelo amaphepha. UThabo wayevuya kuba eza kuyibuyisela kwithala leencwadi ikwimeko entle incwadi.

ISIGAMA

kwithala leencwadi – kwisakhiwo apho kugcinwa khona iincwadi ukuze abantu baziboleke

ngemigaqo – ngendlela ekusetyenzwa ngayo/ ekwenziwa ngayo izinto

kuyiboleka – ukunikwa into ze uphinde uyibuyise

MVULO



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihlolo?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

UThabo ubhalisa kwithala leencwadi

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali
- Buza ukuba ngubani owakhe waya kwithala leencwadi?
- Kweliphi? Kwakunjani?

Funda ibali ngokuvakalayo

- Cacisa isigama esitsha

Emva kokufunda

- Buza imibuzo ukuphuhlisa umxholo:
 - Belingabani ibali?
 - Kwenzeka ntoni kwincwadi yesoka ebalini?

NT
iph. 7

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Imithetho yokukhathalela incwadi

Ulwazi lwangaphambili

- Uthini umthetho?
- Yeyiphi imithetho oyaziyo?
- Kutheni kufuneka sibe nemithetho?

Funda

- Jonga umfanekiso uze ufunde imithetho.

Lingisa

- Biza abafundi abohlukeneyo bazokulingisa umthetho ngamnye.
- Iklasi mayiqashele ukuba ngowuphi umthetho.

NN
iph. 1

30 imiz.

NYY
iph. 6

Imithetho yokukhathalela iincwadi		
Akulunganga	Kulungile	Umthetho
		Bamba incwadi ngezandla ezicocekileyo.
		Vula incwadi yakho ngenkathalo.
		Tyhila amaphepha ngobunono.
		Gcina iincwadi zakho ngononophelo.
		Sebenzisa isahluli maphepha.
		Musa ukuyirhaqaza incwadi.



IZANDI Uhlaziyo

Hlaziya izandi

- Ngokukhawulezisa, bonisa ngoonotsheluzi boonobumba abasele befundisiwe. Abafundi babiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi

- Abafundi banika amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 7

15 imiz.

KNF
iph. 8-13

Umhla		



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi okufundiswe kwiKota yoku-1 okanye yesi-2.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37

15 imiz.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA **Iqela A**

Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-8 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonisa indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi. Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa 8 lale veki kwiNYY.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncendo ngegama, ukrweka uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

NYY
iph.
13-18



30 imiz.

NYY
iph.
19

KNF
iph.
24-27

Umbha _____ 8

1

UThabo unike incwadi entsha ngumalume wakhe. Emva koko, uThabo ufunda incwadi kwakhona. UThabo ushiye incwadi phandle yaze yamanzi.

? Ujishiye phi uThabo incwadi yakhe?

2

UVera ubonisa abafundi incwadi ayithathe kwithala leencwadi. UThabo ubhalisa kwithala leencwadi. Uthembisile ukuba uza kuyikhatshala incwadi yakhe.

? Ngubani onceda uThabo ekubhaliseni kwithala leencwadi?



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibeyeyeveki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO **Yenza isahluli maphepha**

Ukulungiselela

- Sika iphepha eliyi-A4 libe yimicwe. Nika umfundi ngamnye umcwe.
- Qiniseka ukuba iqela ngalinye linayo imagazini abazakusika kuyo, izikere, iglu, iwulu/ iribhoni.
- Bonisa imizekelo yezahluli maphepha nize nixoxe ngenjongo.
- Abafundi bazakwenza isahluli maphepha ukuphawula indawo yabo kwiNYY.

Ukuyila

- Abafundi basika imifanekiso okanye iipateni bezincamathelisa kwizahluli maphepha zabo.
- Babhala amagama abo kwizahluli maphepha zabo.
- Cqobhoza umngxuma ekugqibeleni uze ufake iribhoni okanye iwulu. Ungayidibanisa kunye neNYY.
- Hamba hamba uze unike uncendo.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Ngababini

- Banikana amathuba bexelalana iindaba neqabane.
- Sebenzisa isakhelo *iiNdaba zam* esikwiqweqwe elingemva ukuze likuncede.

Ikasi

- Khetha abafundi abambalwa bazokuthetha ngeendaba zabo ngaphambili bebalisela ikasi.
- Nika wonke umfundi ithuba njengokuba ikota ihamba.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ithala leencwadi neencwadi

Xoxani


- Khumbuza abafundi ngebal elithi *UThabo ubhalisa kwithala leencwadi*
- Yintoni oyifundileyo malunga nethala leencwadi ebalini?

Cinga-ngababini-yabelana

- Yeyiphi incwadi onqwenela ukuyiboleka kwithala leencwadi?
- Ngoba?

NT
iph. 7

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Ukuchonga abancedisi kwiindawo esihlala kuzo

Ukuhlaziya

- Sazi ntoni ngeendawo esihlala kuzo?

Ukufunda

- Xoxani ngemifanekiso nifunde ileyibhile kunye nabafundi.

Xoxani

- Ngabaphi abona bancedi boluntu kwiindawo esihlala kuzo?
- Yintoni oyenzayo ukunceda uluntu?
- Thethani ngeendawo ezahlukeneyo abasebenza kuzo abancedi boluntu.
- Zeziphi kwezindawo ezikhoyo kwindawo ohlala kuyo?

NYY
iph. 8

15 imiz.



IZANDI

Ukwakha amagama kunye

Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.


Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY
iph. 9

15 imiz.

KNF
iph.
8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi okufundiswe kwiKota yoku-1 okanye yesi-2.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

UThabo ubhalisa kwithala leencwadi

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi UThabo ubhalisa kwithala leencwadi.
- Buza imibuzo yoSuku 1 kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: incwadi, ithala leencwadi, phandle, ukubhalisa, ukuthembisa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 2-5

15 imiz.

NY
iph. 2-5



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.


NY
iph. 13-18



30 imiz.

NY
iph. 19

KNF
iph. 24-27



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA Iqela B

Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-8 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa 8 lale veki kwiNYY.

- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncendo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

- Malenze umsebenzi.
- Ututshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF iph. 51-52

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Ukwenza iqweqwe lencwadi

Ukulungiselela

- Khupha amaphepha, iikhrayoni/ iikhoki, iipensile
- Bhala isihloko sencwadi ebhodini: imithetho yokuphatha incwadi yam.
- Fundani izihloko kunye neklasi.

Bonisani ze nixoxe ngeqweqwe lencwadi


- Abizwa ngokuba yintoni amaphepha angaphandle encwadi?
- Ingaba isixelela ntoni?
- Ingaba umbhalo ukhangeleka njani?

- Kutheni ubhalwe oluhlobo nje?

Ukwenza iqweqwe lencwadi

- Abafundi basonga iphepha phakathi. Ukuba le yincwadi, lizakuba phi iqweqwe?
- Bhala isihloko sencwadi kwiqweqwe.
- Hombisa iqweqwe lwencwadi ngomfanekiso okanye iphatheni.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista

- Bhala ukuba ukhona esikolweni kwipowusta yerejista.

Ikhalenda

- Sebenzisa ikhalenda. Xoxani ngosuku, inyanga nonyaka.

Ukubhiyozela iintsuku zokuzalwa

- Cula ingoma emnandi yosuku lokuzalwa.

Imozulu

- Injani imozulu namhlanje?
- Yibhale kwitshati yemozulu.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Gcina ibala lokudlala licocekile

Xoxani ngongcoliseko

- Yintoni ungcoliseko?

Cacisa umsebenzi

- Jonga emfanekisweni. Cacisa ngomgqomo (apho kulahlwa khona inkunkuma) nengxowa, (yenkunkuma enokuphindwa ihlaziye).
- Abafundi bachonga inkunkuma, bazobe isangqa kumzekelo ngamnye kunye nomgca oya emgqomeni okanye engxoweni yenkunkuma.

Xoxani ngomsebenzi

- Zingaphi izinto eziyinkukuma ozifumeneyo?

NYY
iph. 10

15 imiz.



IZANDI Uhlaziyo

Hlaziya izandi

- Ngokukhawulezisa, bonisa ngoonotsheluzi boonobumba abasele befundisiwe. Abafundi babiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi

- Abafundi banika amagama anesi sandi.


Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 11

15 imiz.

KNF
iph.
8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi okufundiswe kwiKota yoku-1 okanye yesi-2.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37

15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

UTHabo ubhalisa kwithala leencwadi

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi UThabo ubhalisa kwithala leencwadi.
- Buza imibuzo yoSuku 2 kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengekhosi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: incwadi, ithala leencwadi, phandle, ukubhalisa, ukuthembisa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 2-5

15 imiz.

NYY
iph. 2-5



UKUBHALA NOTITSHALA

Imithetho yokugcina incwadi

KNF iph. 38-41
15 imiz.

Ukulungiselela

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini

Bhala ezinye iingcebiso zabafundi.

- Masibhale imithetho yokukhathalela iincwadi.

- Buza iimbono
- Cela abafundi bapele amagama afanelekileyo.

Fundani isivakalisi kunye

Imithetho yokukhathalela iincwadi

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
13-18



30 imiz.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA Iqela C

Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-8 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.


Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa wesi-8 lale veki kwiNYN.

- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncedo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabathshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

NYN
iph. 19

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Abahlali bendawo ohlala kuyo

Uze ukhumbule ukuzifudumeza ekuqaleni nokuzipholisa ekugqibeleni xa usenza ezobugcisa beqonga.

Ngababini

- Xelela umhlobo wakho ngelungu lokuhlala olaziyo:
 - Ubazi njani?
 - Loluphi uhlobo lomsebenzi abawenzayo eluntwini?
 - Ingaba ngabantu abatsha okanye abadala?
 - Uyabathanda? Ngoba?

Ucweyo

- Cacisa ukuba ukushukumisa imilebe kukulinganisa ungathethi.
- Cela abafundi bakunike iingcebiso uze ubhale uluhlu lwamalungu asekuhlaleni.
- Emaqeleni, abafundi mabakhethe ilungu loluntu lasekuhlaleni baze bafunde indlela yokulinganisa ilungu elo lisenza umsebenzi walo. (ijoni limatsha, umqhubi weteksi, umthungi ethunga, umeluki wenwele, umlimi elima)



30 imiz.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Ngababini

- Banikana amathuba bexelelana iindaba neqabane.
- Sebenzisa *isakhelo seNdaba zam* esikwiqweqwe elingemva ukuze likuncede.

Ikasi

- Khetha abafundi abambalwa bazokuthetha ngeendaba zabo ngaphambili bebalisela ikasi.
- Nika wonke umntu ithuba njengokuba ikota ihamba.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukucengceleza umbongo

15 imiz.

- Ngqamanisa isicengcelezo nomxholo waleveki.
- Fundisa umbongo neentshukumo.
- Abafundi mabangenelele kangangoko.

Vula incwadi

Vula incwadi mntwanana omncinci
Ukufunda kusisikhokelo esihle
Encwadini uyakufumana
Iindidi zabantu neendawo
Vula incwadi, ungaba yintoni na oyifunayo
Ungayi kumkani okanye ikumkanikazi
Uye kwiindawo ongazange waya kuzo.



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi


- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
 - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYY
iph. 9

15 imiz.

KNF
iph.
8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Hlaziya ukwakhiwa kwezandi okufundiswe kwiKota yoku-1 okanye yesi-2.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

UTHabo ubhalisa kwithala leencwadi

Funda

- Fundela ikasi ibali elithi *UTHabo ubhalisa kwithala leencwadi*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: incwadi, ithala leencwadi, phandle, ukubhalisa, ukuthembisa

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 2-5

15 imiz.

NYY
iph. 2-5



UKUBHALA WEDWA

Bhala umthetho ngendlela yokuphatha incwadi

Fundani kwakhona izivakalisi zokubhala notitshala benizibhale nonke izolo.

Abafundi mabazobe umfanekiso baze babhale umthetho wokuphatha incwadi.

- Abafundi bazoba into emayenziwe baze babhale into emayingenziwa.
- Zama ukupela amagama ngokuthi ucinge ngezandi ezisegameni.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

Indlela yokuphatha incwadi

Mandinga ...



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA Iqela D

Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-8 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa lesi-8 lale veki kwiNYY.

- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncendo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

NY
iph.
13-18



30 imiz.

NY
iph. 19

KNF
iph.
24-27

Umhla _____

1

UThabo unike incwadi entsha ngumalume wakhe. Emva koko, uThabo ufunda incwadi kwakhona. UThabo ushiye incwadi phandle yaze yamanzi.

? Wayishiya phi uThabo incwadi yakhe?

2

UVera ubonisa abafundi incwadi ayithathe kwithala leencwadi. UThabo ubhalise kwithala leencwadi. Uthembisile ukuba uzakuyikhathelela incwadi yakhe.

? Ngubani onceda uThabo ekubhaliseni kwithala leencwadi?

21



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Ukulingisa

Ukulungiselela

- Khumbuza abafundi kuthetha ukuthini ukulingisa ungaphumi lizwi.
- Njengamaqela angolwesine, abafundi bajonga indlela bebefundiswe ngayo bonke ukulingisa.

Ukunikezela

- Amaqela anikana amathuba ukulingisa ilungu loluntu lasekuhlaleni baze baqashele ukuba ngubani.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Lungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko?

Izibini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI

Umdlalo wePayirethi

- Dlalani ngababini.
- Sebenzisa idayisi, lihambise ngokwenani elikwi dayisi/inani leebhloko.
- Biza unobumba wesandi ophele kuye.
- Nika igama elineso sandi.
- Khangela ukuba iqabane lakho lenze ngokuchanekileyo.

NYY
iph. 12

15 imiz.

KNF

iph.
8-13

UKUBHALA WEDWA


Ukugqibezela nokwabelana

Incwadi epheleleyo

- Bonisa elinye lamaqweqwe encwadi eyenziwe ngexesha lezobugcisa obubonwayo. Uze uthi "ngoku niza kubhala iphepha lokuqala lencwadi. Nizakubhala ndawoni?"
- Abafundi mabakhuphele isivakalisi bebesibhale ngezolo ezincwadini zabo.
- Ngababini: mabatshintshe omnye afunde incwadi yomnye.
- Beka iincwadi kwikona yokufunda.

NYY
iph. 13

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
13-18

30 imiz.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA


Iqela E

Yazisa ukufunda ngezibini

- KumSebenzi Owenza Wedwa wesifundo sesi-8 kwiveki nganye, abafundi bafunda ngezibini.
- Yahlula iqela libe zizibini.
- Babonise indlela yokuhlala wakhe isathanga.
- Sebenzisa ilizwi eliphantsi.

Ukuqhelisa okukhokelwayo

- Fumana iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa lesi-8 lale veki kwiNYY.
- Umfundi A ufunda itekisi yokuqala. Umfundi B aphulaphule.
- Ukuba u-A udinga uncendo ngegama, ukrweca uB engalweni.
- Xa egqibile u-A, uB ubuza umbuzo.
- UB unika ingxelo ngobubele: Ingaba u-A ufunde kakuhle waze waphendula imibuzo ngokuchanekileyo?
- Mabatshintshane. Umfundi B ufunda itekisi yesibini.

NYY
iph. 19KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Abantu kwindawo endihlala kuyo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

ugqirha

utitshala

ipolisa

unesi

wonke umntu


ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokufunda yabaqalayo SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBHO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki, iipensile
- amaphepha (A4 okanye amakhulu, amhlophe okanye ayimibala)
- Izinto ezilahwayo (umzekelo: udongwe, amatye, amaphepha angasese, iiplastiki, imitya, umatshisi, amalaphu ibhokisi zamaqanda)
- iibhokisi, ikhadibhodi
- Izikere, iglu, iseloteyiphu
- ingxowa, iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- Izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yeZemiThambo ekhethiweyo.



Ingozi yezithuthi

Kwakungentsasa yangoMvulo kwaye sasivuke emva kwexesha.

Sayenza yonke into ngokungxama. Sanxiba saze sakhawulezisa satya isidlo sakusasa. Khawulezisa! Khawulezisa! Khawulezisa! Asinakufika emva kwexesha esikolweni! Sangena sonke emotweni sahamba.

Endleleni izithuthi zazihamba kancinci. ZAZISIMA, ZIHAMBE! ZIME, ZIHAMBE! ZIME, ZIHAMBE! Kodwa zona iitekisi zazikhawuleza.

Ngephanyazo, itekisi eyayiphambi kwethu yangquzulana kunye nemoto eyayiphambi kwayo. YHO, HAY!! YHO, HAY!! YHO, HAY!!

Utata wemisa ze waphuma. "Hlalani apha emotweni nina," watsho. Xa ebuyela emotweni wathi, "Noko ayikho mbi kangako laa ngozi. Akukho monakalo ungako emotweni kodwa yona itekisi ibotyokile. Ndiyarhana umqhubi wetekisi wonzakele emlenzeni.

Ndiza kufonela abantu boncedo lokuqala mhlawumbi kusenokufuneka ukuba aye esibhedlele.

Watsalela inombolo **kaxakeka**, wachaza igama lakhe ze emva koko wachaza **ingozi** eyehlileyo nesitalato eyehle kuso ingozi.

Inenekazi elalisemnxebeni lathembisa ukuba **aboncedo lokuqala** baza kufika ngokukhawuleza.

Abantu baphuma etekisini bahlala ecaleni kwendlela. Abantu ababesemotweni nabo baphuma emotweni. Thina ke sazihlalela emotweni salinda. Emva kwemizuzu embalwa, seva aboncedo lokuqala besiza nge-ambulensi. PII BHOO! PII BHOO! PII BHOO!


Aboncedo lokuqala bagaleleka ze baphuma kwi-ambulensi.

Baxilonga umqhubi wetekisi kunye nabantu ababekhwele kwezi zithuthi zozibini. Bakhwelisa umqhubi wetekisi kwibhedl yabangxwelerhekileyo ngobunono bayiphakamisa, bamfaka kwi-ambulensi ze bamsa esibhedlele. Bathi umlenze wakhe uya kujongwa ngugqirha.

PII BHOO!, PII BHOO! PII BHOO!, PII BHOO! I-ambulensi yahamba.

Kwafika enye itekisi ze yakhwelisa abantu abo yabasa emisebenzini. Imoto yona yayingonakalanga, yavela yahamba.

Utata wakhwela emotweni ze wasisa esikolweni. Apha endleleni wayeyicothisa kakhulu imoto. Wangena esikolweni wayokucacisa isizathu sokuba sifike emva kwexesha esikolweni. Utitshala wam wandipha iswiti. Ndinethemba lokuba umqhubi wetekisi uza kubangcono ngokukhawuleza.



ISIGAMA

aboncedo lokuqala – abantu abaqeqeshiweyo ukuze bakwazi ukunika uncedo lwezempilo ebantwini xa kukho ingozi ngaphambi kokuba baye kugqirha

kaxakeka – etsalelwa xa kukho ingxaki equbulisileyo okanye ingozi

ingozi – ukwenzeka kwento edala umonakalo omkhulu, ngempazamo

MVULO

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO****Ingozi yezithuthi****Phambi kokufunda**

- Buza ukuba ingaba ukhona owakhe wafumana ingozi yemoto?
- Kwenzeka ntoni?

Funda ibali ngokuvakalayo

- Funda ibali ngokuvakalayo.

- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda

- Wenza ntoni utata ukubona kwakhe ingozi?
- Bancedwa ngubani abantu abonzakeleyo?

NT
iph. 19

15 imiz.

**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN****Iindawo ezikhoyo kwilali yethu****Ulwazi lwangaphambili**

- Buza abafundi malunga neendawo zokuhlala ekwabelwana ngazo luluntu kunye nabantu abazisebenzisayo.
- Bhala uluhlu ebhodini.

Xoxani ngomfanekiso

- Thethani ngeendawo ezisemfanekisweni. Bonisa iklassi iNcwadi eNkulu okanye abafundi bajonge iphepha lama-26 kwiNYY
- Sebenzisa imibuzo katitshala yenkuthazo ekwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 6

30 imiz.

NYY
iph. 24**IZANDI** **Isandi u-ph****Hlaziya izandi**

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi


- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisiNYY
iph. 25

15 imiz.

KNF
iph. 8-13**UKUBHALA NGESANDLA**

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37

15 imiz.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



NYV
iph.
30-36



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibeyeyeveki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukucwangcisa isitalato selali

Yazisa

- Zeziphi ezinye izakhiwo zoluntu eziboniswe kwiphepha lama-26 kwiNYY.
- Ucinga ukuba ezi zakhiwo zenziwe ngantoni?

Ukucacisa umsebenzi

- Amaqela azakusebenzisa izinto ezilahlwayo ukwenza imifuziselo emi-2 okanye emi-3 yezakhiwo zoluntu.
- Bonisa imizekelo yezinto ezilahlwayo.

Isicwangciso samaqela

- Iqela lizakugqiba ngezakhiwo ezizakwenziwa.
- Benza izicwangciso zezixhobo abaza kuzisebenzisa kwaye ngubani ozakuza nezixhobo ngomso.
- Khumbuza amaqela eze neekhadibhodi abaza kuzisebenzisa njengezitalato, izakhiwo ezizakubekwa kuzo.

Hamba-hamba uze unike uncedo

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukulungiselela undwendwe lweklasi

Lungiselela ukufika kondwendwe lweklasi ngoLwesine

- Cacisa iyakuba ngubani undwendwe?
- Kufuneka siziphathe njani xa kukho undwendwe? (hlaziya indlela eyiyo yokuziphatha nemithetho)

Izibini

- Lungiselela imibuzo oza kuyibuza undwendwe.
- Yabelana ngemibuzo neklasi.
- Bhala imibuzo emine okanye emihlanu ebhodini yangoLwesine uze wenze isigqibo sokuba ngubani oza kubuza imibuzo.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Iindawo kunye nabantu abancedayo

Lungiselela


- Chonga iindawo kunye nabancedi kwiphepha lama-28 eNYY.
- Xela abantu abasancedayo kwiindawo esihlala kuzo.

Tshatisa abantu abancedayo kunye neendawo abasebenza kuzo.

- Xela iindawo ezifumaneka kwiindawo esihlala kuzo.
- Abafundi mabazobe umgca osuka kumncedi ukuya kwindawo echanekileyo.
- Umfundi makakhangele kunye neqabane.

NYY iph. 26

15 imiz.



IZANDI Ukwakha amagama kunye

Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala


- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY iph. 27

15 imiz.

KNF iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF iph. 31-37

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Abantu abanceda wonke umntu

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Abantu abanceda wonke umntu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: ugqirha, utitshala, ipolisa, unesi, wonke umntu

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN iph.
7-10
15 imiz.

NYI
iph.
20-23

Abantu abanceda wonke umntu

Ngubani onokukunceda xa wophukile?



Ugqirha nonesi bangakunceda.

Isifundo sokuqala
Isifundo sokuqala sifundisa abafundi ukuba bazi ngokuba abantu abanceda wonke umntu. Isifundo sokuqala sifundisa abafundi ukuba bazi ngokuba abantu abanceda wonke umntu.

Isifundo sokuqala
Isifundo sokuqala sifundisa abafundi ukuba bazi ngokuba abantu abanceda wonke umntu. Isifundo sokuqala sifundisa abafundi ukuba bazi ngokuba abantu abanceda wonke umntu.

7



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!



NYI
iph.
30-36

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukwenza isitalato selali ngezinto ezilahlwayo

Khupha izinto ezilahlwayo ezifana neebhokisi zometshisi, iikhathuni, iziciko zeebhottle namaphepha anemibala-bala, iglu, izikere.

Ukuyila

- Abafundi bakha izakhiwo zabo ngezinto ezilahlwayo.
- Amaqela amabini ayadibana enze izitalato ngemifuziselo yezakhiwo zabo.

- Lungisa ikhadibhodi emtyaba.
- Yigcine kakuhle isetyenziswe ngexesha lezobugcisa beqonga ngomso.

Okanye

- Abafundi bazoba izitalato zabo (okanye isitalato sentekelelo).

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Ukufumana uncedo

Ukuchonga iingxaki

- Jonga umzobo ngamnye kwiNYY iphepha lama-30.
- Fundani kunye.

Thethani ngezisombululo

- Ngababini xoxani ngale mibuzo:
 - Angayaphi umntwana ukuze afumane uncedo?
 - Bangalucela kubani uncedo?

Nxulumanisa neempilo zethu

- Abafundi mabaxoxe ukuba into efana nale yakhe yenzeka na ebomini babo.
- Abafundi mabaxelele abahlobo ngubani owabanika uncedo.

NYY
iph. 28

15 imiz.



IZANDI Isandi u-th

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi


NYY
iph. 29

15 imiz.

KNF

iph.

8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Abantu abanceda wonke umntu

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Abantu abanceda wonke umntu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: ugqirha, utitshala, ipolisa, unesi, wonke umntu

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN iph.
7-10

15 imiz.

NYY

iph.

20-23





UKUBHALA NOTITSHALA

Umyalezo wombulelo

KNF iph. 38-41

15 imiz.

Lungisa ibhodi

- Khuphela isakhelo ebhodini.

Xoxani ngomyalezo wombulelo

- Kutheni kufuneka sibabulele abantu?
- Cacisa isakhelo sokubhala esizakusetyenziswa ngabafundi xa bebhalela undwendwe umyalezo wombulelo.

Bhala iingcebiso zabafundi ebhodini

- Ukuba kunokwenzeka, shiya umyalezo ebhodini ukulungiselela umsebenzi wokubhala wangomso.

- Abafundi banikezela ngeembono zabo ze bancedise utitshala ekubhaleni umyalezo.
- Chonga umfundi ozakukhuphela umyalezo ephepheni unikwe undwendwe.

Fundani kunye

Molo _____
Ndiyabulela ngoku _____
Siziva _____
Sikunqwenelela _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
30-36



30 imiz.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo kule nombolo
060 017 0000 ukubuza
imibuzo ngebali!



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukulingisa


Ukulungiselela

- Kumaqela afanayo nawobugcisa obubonwayo, abafundi balungiselela ukulingisa okwenzeka kwesinye sezakhiwo ezikwimodeli yesitalato sabo.

Ukunikezela

- Amaqela abonisa isitalato sawo (ukusuka kubugcisa obuBonwayo) eklasini kwaye bayacacisa ngesakhiwo ngasinye.
- Balingisa okwenzeka kwesinye sezakhiwo.
- Iklasi iqikelela ukuba kwenzeka kwesiphi isakhiwo.

30 min




LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Isicengcelezo sokubala

15 imiz.

- Nxulumanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo neentshukumo.
- Abafundi bayangenelela kangangoko.

Amapolisa amahlanu

Amapolisa **amahlanu** ame ngasemnyango
Omnye kubo ulawul' izithuthi kwasala amane.

Amapolisa **amane** ayendigadile
Omnye wagodusa inkwenkwe eyayilahleka kwasala amathathu.

Amapolisa **amathathu** akhusela mna nawe.

Omnye wamisa imoto eyayibaleka ngesantya esiphezulu kwasala amabini.

Amapolisa **amabini** jonga isantya ayebaleka ngaso.
Omnye wabamba indoda eyayingamameli kwasala lalinye.

Ipolisa **elinye** libon' umlilo Lafowunel' abacimi mlilo Lasindisa uluntu.



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Ututshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
 - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYY
iph. 27

15 imiz.

KNF

iph.

8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Abantu abanceda wonke umntu

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Abantu abanceda wonke umntu*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengekhosi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: ugqirha, utitshala, ipolisa, unesi, wonke umntu

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.

NN iph.
7-10

15 imiz.

NYY

iph.

20-23





UKUBHALA WEDWA Bhala umyalezo wombulelo

Funda kwakhona izivakalisi ebezibhalwe notitshala izolo.

Abafundi mababhale ezabo izivakalisi kwiNYY

- Cinga ngomntu ofuna ukumbulela kwindawo ohlala kuyo.
- Bhala igama lomntu ombhalelayo: Molo ...
- Bhala elakho igama: Isuka ku...
- Bhala isivakalisi sibe sinye ubulele.
- Zoba umfanekiso walomntu umbulelayo.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

... endimthandayo
Ndiyabulela ngoku...

Ivela ku...



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
30-36



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisana.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi Molo kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umncedi woluntu utyelela iklasi

Undwendwe luyathetha

- Yazisa undwendwe.
- Undwendwe luxelela abafundi umsebenzi walo.

Abafundi babuza imibuzo


- Buza imibuzo ebilungiswe ngoLwesibini.

Ukubulela undwendwe

- Lungisa kwangaphambili umfundi ozithembileyo ozakubulela undwendwe.
- Umfundi udlulisa kundwendwe umyalezo wombulelo eniwukhuphele ngezolo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IZANDI** **Ubizelo**

- Biza igama ngalinye ngokucotha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Emva koko, babhalele amagama ebhodini ukuze bajonge baze balungise.

KNF
iph. 10
15 imiz.

iphela

ithole

iphuphu

thula

thetha

**UKUBHALA WEDWA** **Khuphela udlulise umyalezo wombulelo**

15 imiz.

Khuphela umyalezo ephepheni

- Abafundi bakhuphela umyalezo bebewubhale ngoLwesine ephepheni.

Abafundi badlulisa imiyalezo yabo

- Nceda abafundi badlulise umyalezo wabo kumntu abamkethileyo abaza kumbulela.

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklassi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
30-36**ISIKHOKELO SOKUFUNDA
NGAMAQELA****Amaqela D no-E****Isifundo sesibini**

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule
nombolo
060 017 0000
ukubuza
imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Izilo-qabane

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

ikati

ilambile

ukutya

amanzi

ukuyijonga


ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokufunda yabaqalayo SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/ iikhoki, iipensile
- amaphepha (A4 okanye elikhulu, elimhlophe okanye elinombala)
- izito ezilahliweyo (umzekelo udongwe, amatye, amaphepha angasese, iiplastiki, imitya, imatshisi izitiki zokuvungula, amalaphu, ibhokisi zamaqanda)
- ingxowa/iibhokisi zokufaka oonobumba beveki.
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo ekhethiweyo.



Ikati elambileyo

Umzi wasekhaya wawusecaleni kwethafa elikhulu elivulekileyo. Ngenye imini sathi sisadlala phandle nomntakwethu, sabona ikati **eyayibhadula** ingena eyadini isuka ethafeni.

Le kati yayibhityile, ihamba kancinci futhi ikhangeleka idiniwe.

Yayingekho ntle le kati kodwa sasiyisizela kakhulu.

Umntakwethu wathi, “Mama sicela ukuyigcina siyifuye le kati njengesilo-qabane?”

“Ndiza kukhe ndiyicinge loo nto,” watsho umama.

Umama wanika olu sizana lwekati isityana sobisi ukuze isele, kodwa yayisoyika nokusondela kuthi. Sahlala sayijonga ukuba iza kude ithini na. Emva kwethuba yalusela ubisi, ze yaphinda yabuya ngosuku olulandelayo ize kufuna olunye ubisi. Yayikutya ngoku ukutya esasiyipha kona.



Ekuhambeni kwethuba yaye yasiqhela, sasisele sikwazi ngoku **nokuyiphulula**.

Ndathi kumama “Uyayibona ukuba iyasithanda! Jonga indlela eyonwaba ngayo xa siyiphulula. Singayigcina ibe **sisilo-qabane** sethu, ndiyakucela mama?” Ndaphinda ndamcela kwakhona.

“Ukuba uza kuyikhathalela, uyiphe ukutya, ungayigcina,” watsho umama. Sayithiya igama lokuba nguNkosazana.

UNkosazana wayencwina kamnandi ebonisa ukuba wonwabile. Wayekuthanda kakhulu ukudlala. Wayesitya kakhulu, elala kakhulu, kwibhedi esasimenzele yona. Samenzela ibhedi ngokuthi sifake ingubo endala ebhokisini saze sayibeka kwindawo efudumeleyo ekhitshini.

Ngaminazana ithile waduka, uNkosazana. Sasizibuza ukuba inokuba uyephi?

Nkosazana, Nkosazana, Katana, Katana, Katana!” kodwa akazange avele ndawo. Sakhangela kwindawo yonke endlini. Umntakwethu wehla ngendlela waya kumkhangela ethafeni. Mna ndamkhangela kwingca ende efukufuku. Inokuba wayephi?

Ekugqibeleni saya kumkhangela egaraji. Ndeva isandi sisitsho emva kwekhabhathi. Ndabhekelisa iitoti zepeyinti ndakroba kwibhokisi enkulu. Nanko uNkosazana ehleli namantshontsho akhe amathathu amancinci! Ayemancinci kakhulu amehlo awo evalekile. Elinye lalimhlophe linoboya obumfumamfuma, elinye lalimnyama ze elesithathu libe ngwevu njengonina. Sasiwakroba qho la mantshontsho.

Umama wathi, “La mantshontsho mahle kakhulu. Kuza kubalula kakhulu ukuwafunela amakhaya amatsha.”

ISIGAMA

eyayibhadula – eyayihamba ingazazi apho iya khona

nokuyiphulula – ukuphatha ngothando

sisilo-qabane – isilwanyana osithandayo osigcina usikhathalela ekhaya

MVULO

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo seeNdaba Zam.

15 imiz.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO** **Ikati elambileyo****Phambi kokufunda**

- Yazisa ibali: *Ikati elambileyo*.
- Zeziphi izilo-qabane onazo?
- Ingaba ukhona umntu omaziyo onesilo-qabane esiyikati?

Funda ibali ngokuvakalayo**Buza imibuzo**

- Kutheni eli bali lisithi *Ikati elambileyo*?
- Kwenzeka ntoni kule kati apha ebalini?

NK
iph. 31

15 imiz.

**ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN****Yintoni efunwa zizilo-qabane****Ulwazi lwangaphambili**

- Xoxani yintoni isilo-qabane?

Funda iphepha

- Xoxani ngomfanekiso.
- Fundani ingxelo.
- Funda iintetho zikatitshala ezikwiphepha le-T1 kwiNcwadi eNkulu ukuze kuvuseleleke ingxoxo.

NN
iph. 11

30 imiz.

NYY
iph. 42**IZANDI** **Isandi u-sh****Hlaziya izandi**

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi.NYY
iph. 43

15 imiz.

KNF
iph. 8-13**UKUBHALA NGESANDLA**

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza
imibuzo ngebali!



NY
iph.
49.55



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibeyeyeveki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba isilo-qabane ozibona unaso

Yazisa

- Abafundi mabavale amehlo babenombono benesilo-qabane esingaqhelekanga.
 - Unjani umbala waso?
 - Simile njani?
 - Ingaba sinamaphiko okanye sinemilenze emininzi?
 - Ingaba simabalabala okanye sinemigca?
 - Ingaba siyayinxiba impahla?

Zoba isilo-qabane sakho

- Abafundi mabazobe izilo-qabane abazibona benaso bagcwalise iphepha.
- Bakhumbuze ukuba izilo-qabane zabo zibe namehlo, impumlo, umlomo, umsila kunye nemilenze.

Cwangcisa isakhelo sesilo-qabane sakho osenze ngezinto ezilahliweyo

- Abafundi mabacinge ngezinto ezilahliweyo abazakuziqokelela benze ngazo isilo qabane: udongwe, amatye, amaphepa, iiplastiki, imitya njl.
- Yila isilo-qabane sakho. Zama ukufakela iileyibhuli.

Hamba-hamba uze ucebise

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Funda ngeekati

- Ufunde ntoni ebalini emalunga neekati? (likati zinamantshontsho eziwajonga ngononophelo. Zizingela ukutya. Zizigcina zicocekile.)
- Ingaba ikhona into ekumangalisileyo?
- Ungathanda ukuba nesilo-qabane esiyikati? Kutheni usitsho?

Xoxani

- Abafundi basebenza ngababini. Banikana amathuba okumamela nokuthetha.

Xoxani ngeekati ezilahlekileyo

- Baxoxa ngale mibuzo ilandelayo:
 - Yintoni ikati okanyeinja elahlekileyo?
 - Ungasamkela ekhaya isilwanyana esilahlekileyo?
 - Ngubani ekumele ukumbuza okanye uthethe naye kuqala?
 - Ukuba unokuba neekati okanyeinja, ungayinonophela njani? Xelela iqabane lakho?

NK
iph. 31
15 imiz.ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Izilo-qabane zifuna amakhaya

Ukuhlaziya

- Thethani ngeendawo okanye amakhaya okuhlala izilo-qabane.
- Kutheni le nto ikhaya libalulekile kuzo zonke izinto eziphilayo?
- Ntlobo zini zendawo zokuhlala ozibonayo kweli phepha?

Tshatisa izilo-qabane nendawo esihlala kuyo

- Masichaze izilo qabane ezikweli phepha. Zeziphi ozaziyo?

- Cacisa okokuba iindawo zokuhlala kufuneka zifanele iimfuno zesilo-qabane. Yindawo enjani yokuhlala efunwa sisilo-qabane ngasinye?
- Abafundi mabazobe umgca osuka kwisilo-qabane uye kwindawo yaso yokuhlala.
- Umfundi makabonise neqabane lakhe.

NYY
iph. 44
15 imiz.

IZANDI Ukwakha amagama kunye


Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY
iph. 45
15 imiz.KNF
iph. 8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37
15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Ikati elambileyo*

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Ikati elambileyo*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **ikati, ilambile, amanzi, ukutya, ukukhathalela**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
12-15
15 imiz.

NY
iph.
38-41



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo 060 017 0000 ukubuzi imibuzo ngebali!



NY
iph.
49-55

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Isilo-qabane ozibona unaso*

Ukulungiselela

- Khupha izinto ezizakuhlwa, iglu, izikera, ipeyinti, iikoki, iikhrayoni.

Yenza isilo-qabane sakho ngezinto ezilahliweyo.

- Landela uyilo olwenzile izolo.
- Ingaba zikhona izinto ofuna ukuzongeza?

Ukubonisa nokuxela

- Gquma isilo-qabane sakho.
- Khetha umfundi abemnye ngexesha abonise ikhosi isilo-qabane sakhe.
- Buza: sitya ntoni, sisela ntoni kwaye sithanda ntoni?

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Kutheni sinezilo-qabane

Xoxani kutheni sinezilo-qabane?

- Kutheni sinezilo-qabane?
(siyazithanda, ziyasinceda ngeendlela ngeendlela)
- Zisinceda ngantoni izilo qabane?

Thethani ngomzobo ngamnye

- Ngababini: xoxa ngokwenzekayo kumfanekiso ngamnye.
Ingaba isilo-qabane sisinceda njani? (izinja ezikhokela abantu abaziimfama, ukubamba iimpuku, ukukhusela iintsapho ukunika uthando, ukuba ngumhlobo)
- Abafundi babelana neklasi yonke ngezinto ebebethetha ngazo.

NYY
iph. 46

15 imiz.



IZANDI Isandi u-bh

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Fundani

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Fundani isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 47

15 imiz.

KNF

iph.

8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) Ikati elambileyo

Fundani

- Fundani ikhosi ibali elithi *Ikati elambileyo*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **ikati, ilambile, amanzi, ukutya, ukukhathalela**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN

iph.

12-15

15 imiz.

NYY

iph.

38-41





UKUBHALA NOTITSHALA

Lungisa ibhodi

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.
- Uthi: sizakubhala izivakalisi ezinomdla zibe ntlanu ezichaza ngesilo-qabane.

Bhala iingcebiso zabafundi ebhodini

- Ukunceda abafundi bafikelele kwisigqibo ngento abaza kuyibhala, buza imibuzo emihlanu:

Chaza isilo-qabane

- Sesiphi isilo-qabane esiza kubhala ngaso?
- Sitya ntoni isilo-qabane?
- Sithanda ukwenza ntoni nawe isilo-qabane?
- Sikhangeleka njani isilo-qabane? (sikhulu kangakanani? sinombala onjani?)
- Senza esiphi isandi?

Fundani isivakalisi kunye

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

Isihloko:
Isilo-qabane sam

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

NYN
iph.
49.55



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi Molo kule nombolo
060 017 0000 ukubuza
imibuzo ngebali!



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Iintshukumo zezilwanyana

Ukulungiselela

- Abafundi mababhale igama lesilwanyana/bazobe isilwanyana kwiphepha.
- Faka onke amaphepha kwibhokisi uze uwaxube.
- Umfundi ngamnye uthatha iphepha ebhokisini malaziwe nguye yedwa ukuba linantoni.

Amaqela ezine

- Abafundi bahamba njengesilwanyana esisephepheni labo baze benze isandi seso silwanyana.
- Iqela liqikelela isilwanyana.
- Abona bathe bagqwesa benzela ikhosi.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz.

Yenza isicengcelezo sabantwana

- Nxulumanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Fundisa umbongo neentshukumo
- Abafundi bangenelele kangangoko

Amantshontsho ekati amathathu

Amantshontsho ekati
alahlekelwe zizihlangu,
Aqala ukukhala.
Owu mama siyoyika,
Silahle izihlangu zethu.
Mantshontsho asileyo!
Nilahle izihlangu zenu!
Ngoko ke anizokuyifumana ipayi!

Nyawu! Nyawu! Nyawu!
Amantshontsho azifumana
izihlangu zawo.
Nxibani izihlangu zenu
mantshontsho asileyo,
Nizakuyifumana ipayi.
Purr! Purr! Purr!



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi


- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
 - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYY
iph. 45

15 imiz.

KNF
iph.
8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) Ikati elambileyo

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *Ikati elambileyo*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: ikati, ilambile, amanzi, ukutya, ukukhathalela

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.

NN
iph.
12-15

15 imiz.

NYY
iph.
38-41



UKUBHALA WEDWA

Zoba uze ubhale ngesilo-qabane

Fundani kwakhona izivakalisi benizibhale notitshala ngezolo.

Bhala isivakalisi kwiNYY

- Abafundi mabazobe umfanekiso wesilo-qabane.
- Mababhale isivakalisi ngaso.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

Isilo-qabane sam
endisithandayo



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
49.55



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Izivakalisi ezineentshukumo

Cacisa ngesivakali esinentshukumo

- Bhala ebhodini isivakalisi esinentshukumo.
- Khetha isilwanyana. Abafundi mabakubukele ubiza isivakalisi esinentshukumo ulinganise neentshukumo.
- Cella omnye ofuna ukuzama akhethe isilwanyana aze enze isivakalisi esinentshukumo, alinganise nentshukumo.

Yenza isivakalisi esinentshukumo

- Abafundi basebenza ngezibini belungiselela ukwenza isivakalise esinentshukumo.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.

I _____
(isilwanyana okanye isilo-qabane)
itya/ikhala/ilala/
ishukuma ngale ndlela

LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IZANDI** **Ukukhangela igama**

- Fundani amagama kunye.
- Abafundi mababiyele okanye baphawule amagama kwiphela lamagama.
- Khangelani amagama kunye.

NYY
iph. 48

15 imiz.

KNF
iph.
8-13

Umhle

Khangela amagama awenziwa zezi zandi: **sh** no **bh**.

ibhasi	ishiya	igusha	ibhola
ibhodi	ishumi	ushoti	ubhaka

i	b	h	a	s	i	u	y	f
m	n	c	i	s	h	i	y	a
n	g	i	g	u	s	h	a	a
i	b	h	o	l	a	s	a	w
m	x	i	b	h	o	d	i	f
s	i	s	h	u	m	i	d	d
h	u	k	u	s	h	o	t	i
z	u	b	h	a	k	a	h	t

48 LwesiHlanu

**UKUBHALA WEDWA** **Ukwabelana ngombhalo wakho****Bonisanani ngemizobo yenu yezilo-qabane**

- Abafundi banikana amathuba besabelana, bebonisa ngemizobo yabo emaqeleni abo.
- Bacaciselana ngemizobo baze bafunde abakubhalileyo.

Babuzana imibuzo

- Amalungu eqela ayatshintshana ebuzana imibuzo malunga nomzobo.
- Abafundi babuzana imibuzo ibe mibini ngomzobo ngamnye.

NYY
iph. 53

15 imiz.

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
49.55**ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA****Amaqela D no-E****Isifundo sesibini**

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Isimilo esilungileyo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

isimilo

bulisa

uxolo

molo

ndicela


ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokufunda yabaqalayo SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	FQNT 2
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/iikhoki, iipensile
- amaphepha (A4 okanye angaphezulu, libemhlophe okanye libe yimibala-bala)
- izikere
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo ekhethiweyo.



UTshikana ihagwana

Kwakukho ihagwana eyayincinci. Yayibizwa ngokuba nguTshikana kuba yayingenasimilo. “Zama ukuba nesimilo esilungileyo,” watsho umama kaTshikana. UTshikana wayengaphulaphuli tu.

Ngenye imini wavuka elambile ebawela iidiliya waze wangena egadini yomfama. UTshikana wangena egadini noxa wayesazi kakuhle ukuba iihagu azivumelekanga kuba zingene egadini yomfama.

Egadini, wadibana noDonki. UDonki wabulisa ngembeko, “Molo Tshikana, unjani namhlanje?”

UTshikana waphendula wathi, “Andithethi kunye **neziyatha** zeedonki mna. Utsho ngeendlebe ezinde nje.” UDonki wakhathazeka kakhulu, wajika edanile.

UTshikana wadibana noSele. USele wambulisa ngembeko, “Molo Tshikana, unjani namhlanje?”

UTshikana waphendula, “Andithethi kunye nesele elibi mna. Utsho ngomlomo omkhulu nje.” USele wakhathazeka wajika edanile.

Emva koko uTshikana wadibana noFudo. UFudo naye wabulisa ngembeko. “Molo Tshikana, unjani namhlanje?”

UTshikana waphendula wathi, “Andithethi nofudo olucothozayo mna. Utsho ngokuhamba ngathi ulixhego nje.” UFudo wakhathazeka kakhulu ze wacothoza wahamba edanile.

UTshikana wabona iidiliya waqalisa ukuzitya **exhafuza** ephanga. Ngephanyazo, wabhaqwa ngumfama. Inja yomfama nayo yambona yaze yamkhonkotha, imleqa.

UTshikana wabaleka ngesona santya siphezulu. Ngethuba ebaleka wabona uFudo. Wakhwaza uTshikana, “Ndincedeni! Ndincedeni bo! Iza kude indifumane le nja, indilume!”

Wathi uFudo, “Andizukwazi ukukunceda. Kaloku ndiyacotha mna.”

UTshikana wabaleka ngesona santya siphezulu. Ngethuba ebaleka wabona uSele. Wakhwaza uTshikana, “Ndincedeni! Ndincedeni! Iza kude indifumane le nja, indilume!” Waphendula wathi uSele, “Andizukwazi ukukunceda. Kaloku mna ndinomlomo omkhulu.”

UTshikana wabaleka ngesona santya siphezulu. Esabaleka njalo wabona uDonki. Wakhwaza uTshikana, “Ndincedeni! Ndincedeni! Iza kude indifumane le nja, indilume!” Kodwa wathi uDonki, “Andizukwazi ukukunceda. Kaloku ndisisiyatha kwaye ndineendlebe ezinde mna.”

UTshikana wabaleka, wabaleka de wafika elucingweni. Kwathi xa kanye inja iqalisa ukuvula umlomo wayo omkhulu iza kumluma ngamazinyo abukhali, wabona **isikroba** esincinci wathubeleza kuso. Inja yakhonkotha, yagrama kodwa ayizange ikwazi ukungena kwisikroba socingo. UTshikana wayezisola ngokubakrwada kwezinye izilwanyana wathi, “Ngoku ndiyazi ukuba ngebendincidele ukuba bendiye ndabaphatha ngembeko.”



ISIGAMA

neziyatha – nezidenge

exixhafuza – ukuxhafuza
kukutya uhlafuna kakubi
ngokungxama

isikroba – indawo evulekileyo



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza
imibuzo ngebali!



NYY
iph.
67-73



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibeyeyeveki.
- Lungisa izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze imisebenzi emine yeveki.
- Abafundi bathatha inxaxheba kule misebenzi.

Umsebenzi weklasi

- Dlalani umdlalo, ofana nokuganga ibhola, imotwana ebomvu okanye undize.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza ikhadi lesifungo

Ukulungiselela

- Khupha amaphepha, iipensile, iikhoki nezikere.
- Bhala isifungo ebhodini.

Cacisa ngekhadi lesifungo

- Yintoni isithembiso? Wakhe wasenza isithembiso?
- Isifungo sisithembiso.
- Ikhadi lesifungo lisikhumbuzisa ngento esathembisa ukuyenza.

Ukuyila

- Abafundi bakhetha isifungo. Kumele ibe yinto abanamaxesha okuyilibala ukuyenza.
- Bhala isifungo ekhadini.
- Bonisa ikhadi uze ulisike uligcine.

Hamba-hamba uze uncedise

30 imiz.

Ndiza kuthi ndicela
ndithi Enkosi.
Ndiza kuba nesimilo.
Ndiza kuphakamisa
isandla sam eklasini.
Ndiza kwabelana
kunye nabange.
Ndiza kulinda ithuba
lam.
Ndiza kumamela
eklasini.

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Isimilo esilungileyo

Thetha ngesimilo ebalini

- Khumbuza abafundi ngebali: UTshikana ihagwana
- Ingaba isilwanyana ngasinye sambulisa njani uTshikana?
- Waphendula wathini uTshikana?
- Inokuba zaziva njani ezi zilwanyana?
- Sesiphi isifundo esafundwa nguTshikana?

Linganisa umdlalo obonisa isimilo esihle

- Bhala amagama athetha ngesimilo esihle ebhodini
- Izibini: Chonga igama libe linye ebhodi nize nilinganise umdlalo nisebenzisa igama enilichongileyo.
- Phinda uchonge elinye igama lesimilo esilungileyo. Linike esinye isibini masilinganise.

NT
iph. 43
15 imiz.

Amagama esimilo esilungileyo

Molo
Ndicela
Enkosi
Uxolo



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Uluhlu lwam lwesimilo esilungileyo

Ukuhlaziya


- Buza: Usibonisa njani isimilo esihle noxanduva ekhaya?

Phawula ebhokisini uluhlu olubonisa isimilo esihle

- Funda uluhlu. Elix ufunda indawo nganye, abafundi mabacinge ngendlela bebeziphethe ngayo kule veki idlulileyo.
- Abafundi mabaphawule indawo abaqondayo bakwazile ukuyenza.

Cacisa uluhlu lwakho

- Abafundi bajonga uluhlu lwabo bezizibini.
- Mabachaze kutheni bephawule indawo nganye.

NYY
iph. 63
15 imiz.

IZANDI Ukwakha amagama kunye


Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY
iph. 64
15 imiz.KNF
iph. 8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37
15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *UTshikana ihagwana*

Funda

- Fundela iklasi ibali elithi *uTshikana ihagwana*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **isimilo, bulisa, uxolo, molo, nceda**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
17-20
15 imiz.

NY
iph.
57-60

UTshikana ihagwana

"Kufuneka ubenesimilo.
Babulise abantu," watsho
uMama uHagu.



Kodwa uTshikana wathi,
"Hayi! Andifuni!"

17



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule
nombolo
060 017 0000
ukubuza
imibuzo ngebali!



NY
iph.
67-73



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Malenze umsebenzi.
- Utitshala uyajonga aze acebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza isitiya esibonisa isimilo esilungileyo


Yazisa

- Ngawaphi amagama abonisa isimilo esilungileyo?
- (nceda, enkosi, uxolo, molo)
- Bhala iingcebiso ebhodini

Ukuyila

- Khupha iphepha, ipeni/ ipensile, isikere, iikhrayoni
- Abafundi mabazobe intyatyambo enkulu igcwalise iphepha babhale igama elithi isimilo esilungileyo.
- Mabafake umbala baze bayihombise intyatyambo.
- Bonisa iintyatyambo zibengathi zisesitiyeni.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPNIsimilo esilungileyo
nesingalunganga

Funda amaqamza entetho

- Cela abafundi abafunayo babelane ngemizekelo yabo yesimilo esihle.
- Buza ukuba kukho nabani na owabona umzekelo wesimilo esingalunganga. (Bakhuthaze abafundi xa bambize lomntu bathi nguMaqamza, bangasebenzisi igama lakhe lokwenyani)

- Jonga emfanekisweni. Ubonisa isimilo esilungileyo nesingalunganga.
- Funda amaqamza entetho kwimeko nganye.

Thetha ngomlinganiso ngamnye

- Abafundi basebenza ngababini
- Thetha ngomlinganiso ngamnye ukuba usisimilo esilungileyo okanye esingalunganga.
- Xoxa kutheni usitho njalo.
- Sizakuyijonga sonke emva koko.

NYY
iph. 65

15 imiz.



IZANDI Isandi u-dl

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 66

15 imiz.

- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.

NK iph. 27-30

15 imiz.

NYY iph. 93-96

UMajeke nomthi weemboty

UMajeke nomama wakhe babehlupheka kakhulu. UMajeke wathengisa inkomo yabo wafumana imboty zobugqi.



27



UHLLOLO LOKU-1 LOBUGCISA OBUBONWAYO/ UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuzoba into oyithandayo

30 imiz.

- Nika abafundi iphepha elingenanto neekhrayoni.
- Bayeka bazobe nantonina abayithandayo.
- Mababhale umyalezo.

Gqibezela Ukuphulaphula Nokuthetha Uhlolo loku-1

- Yenza uhlolo lokugqibela kwisithathu sekasi
- Buza umfundi ngamnye imibuzo emibini okanye emithathu ngesilo-qabane.

- Umzekelo:
- Unaso isilo-qabane?
 - Sitya ntoni?
 - Silala phi?
 - Usigcina njani ukusikhathalela?
 - Sesiphi isilo-qabane osithandayo?
 - Sitya ntoni?
 - Silala phi?
 - Usikhathalela njani?



Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-150
Amanqaku: 10



UKUBHALA WEDWA

UMajeke nomthi weembotyi

Zoba

- Zoba into eyabonwa nguMajeke xa wayekhwele emthini weembotyi.

Bhala

- Abafundi babhala ngento abayizobileyo.
- Bakhuthaze ukuba babize amagama abangaqinisekanga ngawo baze bangalibali ukufaka iziphumlisi.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
102-108



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IZANDI** **Ubizelo**

- Biza igama ngalinye ngokucotha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Emva koko, babhalele amagama ebhodini ukuze bajonge baze balungise.

KNF
iph. 10
15 imiz.

iqhiya

iqhina

iziqhamo

ityali

ityesi

**UKUBHALA WEDWA** **Ukwabelana ngemizobo nemibhalo****Amaqela**

- Bathatha amathuba bebonisa ngemizobo yabo ukusuka ngoLwesine bebonisa abanye eqeleni.
- Abafundi bafunda izivakalisi befundela iqela.
- Khetha umzobo ogqwesileyo eqeleni.
- Bonisa iklasi yonke.

15 imiz.

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
102-108**ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA****Amaqela D no-E****Isifundo sesibini**

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule
nombolo
060 017 0000
ukubuza
imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncdo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



linyaniso ngokutya

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

isuphu

imifuno

emnandi

embi

yomdlalo

UMSEBENZI WOHOLO OLUSESIKWENI IVEKI YESI-7

Mvulo-Lwesihlanu	Ukufunda 1 (ngexesha loFQNT)	NYI iph. 131	NT iph. 109, 111, 113, 115 nele-117
Mvulo & Lwesibini	EzobuGcisa beQonga 1	NT iph.	NT iph. 109 nele-111
Lwesibini	Ukubhala ngesandla 1	Ukubhala ngesandla	NT iph. 114
Lwesine & Lwesihlanu	EzemiThambo 1	UMSEBENZI	NT iph. 115 nele-117

ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQ: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokuFunda uHlobo 1 SOW: amaphepha asi-8										
	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	UkuFunda uHlobo 1		SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	SOW 2	UkuFunda uHlobo 1		SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	UkuFunda uHlobo 1		SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	UkuFunda uHlobo 1		SOW 7	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	UkuFunda uHlobo 1	

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iipensile
- izinto ezilahlwayo zizakusetyenziswa kumdlalo wokuthengisa
- imifanekiso yeziqhamo
- ingxowa/ ibhokisi yokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo ekhethiweyo

Isuphu emnandi nembi

Ngaminazana ithile yobusika, eyayibanda kakhulu, umama wacinga ukwenza isuphu. Wayenemifuno emitsha ayifumene evenkileni nasesitiyeni.

“Sonke namhlanje siza kwenza isuphu yethu **ekhethekileyo**,” watsho umama. “Umntu ngamnye kuni kufuneka axube ze azenzele isuphu yakhe ekhethekileyo!” Wasiyalela umama.

UVusi wayekuthanda kakhulu ukufunda iincwadi ezibalisa ngezigebe. Oku kwenza ukuba azi into eza kuthandwa zizigebe kwisuphu yazo embi. Wafumana itoti enomhlwa ze wafaka kuyo ameva, udaka, amaxolo eebhanana kunye neencukuthu ezifileyo.

“Rhaa, iyonyanyeka le suphu!” watsho uFanele. Kodwa izigebe zona zayithanda kakhulu isuphu embi kaVusi. Zazikhwaza xa zazisitya loo suphu.

“Gubhu, gubhu, bila wenze ingxaki! Le suphu isenza somelele sibe bakhulu! Xhafu! Xhafu! Xhafu!”

“Ndifuna ukwenza isuphu emnandi, ndiyenzele **oonomabhabhathane** ukuza **esitiyeni** sethu, endiphathele izipho ezincinci,” watsho uFanele. Wafumana isitya esincinci wafaka kuso iintyatyambo ezincinci ezintle, amagqabi kunye namaqunube.

‘Hayi ayibhadlanga ke le isuphu,’ watsho uVusi eyigxibha. UFanele zange ayihoye loo nto yayithethwa ngumntakwabo. Wabeka isityana esincinci sesuphu egadini ze walindela ukufika kwamabhabhathane.

‘Mhhh, yamnandi ke le suphu!’ atsho amabhabhathane. “Enkosi kakhulu!” Emva koko anika uFanele isipho somsesane omncinci.

UBhabha wayeyazi into aza kuyigalela kwisuphu yakhe. Wafumana isitya esikhulu seplastikhi wafaka kuso isiqingatha sebhiskithi, isihlangu sikanodoli wakhe, isanti kunye nebhiskithi etyiwa zizinja. ‘Ngubani ofuna ukungcamla isuphu yam?’ wabuza uBhabha. Umama wathatha icephe lokutya isuphu wenza ngathi uyayingcamla.

‘Hmm, ayisemnandi! Kodwa ngathi ifuna ukugalelwa intwana yetyuwa, isuphu yakho,’ watsho umama egalela intwana yetyuwa.’

Umama wayezazi izinto aza kuzigalela kwisuphu yakhe. Wafumana imbiza enkulu ze wagalela itswele elinqunqiweyo, iminqathe, iitapile, iimbotyi, ingqolowa, ityuwa kunye nepepile.

‘Nonke niqhube kakuhle xa benisenza isuphu ekhethekileyo. Ngubani ke onqwenela ukungcamla isuphu yam emnandi?’ wabuza umama.

‘Siyayithanda isuphu yakho emnandi nekhethekileyo, Mama,’ batsho abantwana besitya isuphu emnandi eshushu.



ISIGAMA

ekhethekileyo – yinto elungileyo, engcono kunenye

oonomabhabhathane – izinambuzane zasentsomini ezingathi ngabantu

esitiyeni – indawo ekulinywa kuyo imifuno okanye iziqhamo, egadini

MVULO

**INTLANGANISO YAKUSASA** *Iindaba*

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO***Isuphu emnandi nembi***Phambi kokufunda**

- Buza: Uyayithanda isuphu? Kutheni?
- Wakhe wacelwa uncede wenze isuphu? Wenza ntoni?

Funda ibali ngokuvakalayo

- Cacisa isigama esitsha.

Emva kokufunda

- Ngobani ababesenza isuphu (ngumama, uVusi uFanele, uBhabha)
- Yekabani isuphi ongathanda ukuyitya? Ngoba?

NT
iph. 79

15 imiz.

**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN****Kufumaneka phi ukutya****Ulwazi lwangaphambili**

- Khumbuza abafundi ngamalungu ezityalo. Ngawaphi amalungu ezityalo esiwatyayo?

INcwadi eNkulu iph. lama-31

- Fundani kunye nize niphendule imibuzo
- Abafundi bangajonga nakwiNYY.

Zoba itheyibhile ebhodini

- Ebhodini zoba itheyibhile ibe zikholam ezi-3, ibe nezihloko *Ukutya; Izityalo; Isilwanyana*

- Abafundi mabanike imizekelo yokutya omakubhalwe kumhlathi wokuqala. (imizekelo: *umgubo, isonka, ipoloni, amashwamshwam, itshizi, isipinatshi*)
- Xoxani ngokutya ingaba kuvela kwizilwanyana okanye kwizityalo.
- Phawula kumhlathi ochanekileyo.

NN
iph. 31

30 imiz.

NYY
iph. 118**IZANDI** *Isandi u-nd***Hlaziya izandi**

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi.NYY
iph. 119

15 imiz.

KNF
iph. 8-13**UKUBHALA NGESANDLA**

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37

15 imiz.





UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kuHlolo lokuFunda

NYN
iph.
125-131



30 imiz

NT
iph. 127



UKUFUNDA UHLOLO LOKU-1 Iqela A

Uhlolo

- Abafundi bafunda izivakalisi ngokusebenza kwiNYN.
- Biza umfundi ngamnye ummamele xa efunda.
- Mamela umzuzu omnye kumfundi ngamnye.

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibe yeyeveki.

Yazisa izititshi zemisebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



UHLOLO LOKU-1 LOBUGCISA BEQONGA

Linganisani uMajeke nomthi weembotyi

Mamela ulinganise

- Fundela iklasi ibali uMajeke nomthi weembotyi (NT iph. 90-91).
- Yima kwiindawo ezichanekileyo ucele bonke abafundi balinganise iintshukumo.

Ukulungiselela ukulinganisa

- Kumaqela ezine, abafundi bakhetha abalinganiswa: uMajeke, umama kaMajeke, isigebenga, inkukhu.
- Amaqela aceba indlela azakulinganisa ngayo ibali lonke.

Ukuziqhelanisa

- Abafundi baziqhelanisa nomdlalo abazakuwubonisa ngomso.

30 imiz.



Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-160
Amanqaku: 5

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

UKUPHULAPHULA
NOKUTHETHA

Iimpendulo zentekelo

Izibini

- Banikana amathuba bemamela bebuza. Baphendula imibuzo bethekelela.
 - Yintoni onokuyigalela kwisuphu emnandi?
 - Yintoni onokuyigalela kwisuphu embi?
 - Yintoni onokuyigalela kwisuphu yomdlalo?

Ingxoxo yeklas

- Abafundi bathetha ngezinye izinto ezithethwe ngamaqabane abo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Ukwakha igama notitshala

Chonga ukutya okusekunene

- Kokuphi ukutya okufumaneka kwikholamu esekunene?
- Izibini: Koku kutya, kokuphi ukutya okutyayo ekhaya?

Tshatisa ukutya nemvelaphi yako

- Zoba umgca osuka esityeni ukuya apho kufumaneka khona ukutya.

NYY

iph. 120

15 imiz.



IZANDI Ukwakha amagama kunye

Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona.

NYY


iph. 121

15 imiz.

KNF

iph.

8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Isuphu emnandi nembali*

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Isuphu emnandi nembali*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **isuphu, imifuno, emnandi, embi, yomdlalo**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
32-35

15 imiz.

NY
iph.
110-113

Isuphu emnandi nembali

Umama uthi, "Jonga le mifuno, ndiza kwenza isuphu namhlanje."



"Nathi siza kwenza isuphu," utsho uVusi, uFanele kunye noBhabha.

32



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.

NY
iph.
125-131



30 imiz



UHLULO LOKU-1 LOKUFUNDA Iqela B

Uhlolo

- Abafundi bafunda izivakalisi ngokusebenza kwiNYY.
- Biza umfundi ngamnye ummamele xa efunda.
- Mamela umzuzu omnye kumfundi ngamnye.

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10

NT
iph. 127

IGAMA	UMHLA
Funda ezi zivakalisi.	
1	UTHabo ufunda incwadi yakhe ayifumene kwithala leencwadi.
2	UKuba uyolaleka ipolisa lingakunceda.
3	IKati sasiyiphisa ukutya namanzi yonke imihla.
4	UTshikana wakhwaza, "Ndincedeni!"
5	Yathi xa iqala ukukhula imbewu, ndayityala emhlabeni.
6	UMajeke wathatha isikhukukazi esasibeke amaganda egolide.
7	"Siyayithanda isuphu yakho, mama!" botsho abantwana.

UKUFUNDA UHLULO Ivela yesi-7 - Mvulo 127



EZEMITHAMBO

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Izitishi zemisebenzi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha leNcwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



UHLULO LOKU-1 LOBUGCISA BEQONGA

Cacica indlela yokwenza

- Iqela ngalinye liza kulinganisa ibali elithi uMajeke nomthi weembotyi elo bebelilungise ngezolo.
- Utitshala uzakumane elimisa iqela ukuze elinye iqela liqhubeke liqale apho bayeke khona.

Linganisani uMajeke nomthi weembotyi

Ukulinganisa

- Jongani ibali kwakhona nokuba kukabini okanye kathathu ukunika wonke amaqela ithuba.
- Sebenzisa ubuGcisa beQonga ngoLwesithathu ukugqibezela uhlolo ukuba usafuna ixesha elongeziweyo.

30 imiz.



Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-160
Amanqaku: 5

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Ukutya endikuthandayo

Cacisa umsebenzi

- Jonga uze ukhethe kwezi zinto zintathu: ndithanda le ♥, nditya le ✓ andiyityi le ✗
- Cwangcisa ukutya okubona kwithebhuli.

Gqibezela itheyibhile

Thelekisa iimpendulo

- Thelekisa neqabane lakho.
- Zintoni enizikhethe ngokufanayo okanye ngokohlukileyo?

NYY
iph. 122

15 imiz.

Umbha _____

Ukutya endikuthandayo
Chaza ukutya okuthandayo. Gcwalisa itheyibhuli.

Ndithanda le ♥	Nditya le ✓	Andiyithandi le ✗

122 Lwesithathu



IZANDI Isandi u-nx

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 123

15 imiz.

KNF

iph.

8-13

Umbha _____

nx unxano

7 isixhehe u-antathu

i-nxa	nxe	nzu	nxa	nxi
-------	-----	-----	-----	-----

i-nxe-le **i-nxi-li** **i-nxa-nxa-di**

inxele **inxili** **inxaxadi**

UNasana unibele emweni.

Lwesithathu 123



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) Isuphu emnandi nemb

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Isuphu emnandi nemb*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **isuphu, imifuno, emnandi, embi, yomdlalo**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN

iph.

32-35

15 imiz.

NYY

iph.

110-113

Isuphu emnandi nemb

Umama uthi, "Jonga le mifuno, ndiza kwenza isuphu namhlanje."

"Nathi siza kwenza isuphu," utsho uVusi, uFanele kunye noBhabha.

32



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukulungisa ibhodi

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.
- Xoxani yintoni uluhlu. (Iudweliso lwezinto ezikwiqela elinye/ elifanayo, zikholisa ngokubhalwa enye ezantsi kwenye)
- Fundani isihloko kunye.
- Buza: loluphi uhlobo lwezinto esiza kuzibhala kolu luhlu?

Ukutya esikuthandayo

Bhala iingcebiso zabafundi

- Khetha abafundi abasibhozo bazokuxelela ngokutya abakuthandayo.
- Buza: ungandanceda sipele igama ngalinye?

Fundani izivakalisi kunye

- Gcina uluhlu ebhodini ukuze lusetyenziswe kwisifundo sangoLwesine.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

Okona kutya sikuthandayo



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.

NYF
iph.
125-131



30 imiz



UHQLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA Iqela C

Uhlolo

- Abafundi bafunda izivakalisi ngokusebenza kwiNYF.
- Biza umfundi ngamnye ummamele xa efunda.
- Mamela umzuzu omnye kumfundi ngamnye.

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10

NT
iph. 127

IGAMA	UMHLA
Funda ezi zivakalisi.	
1	UTHabo ufunda incwadi yakhe ayifumene kwithala leencwadi.
2	UKuba uyolaleka ipolisa lingakunceda.
3	IKati sasiyapha ukutya namanzi yonke imihla.
4	UTshikana wakhwaza, "Ndincedeni!"
5	Yathi xa iqala ukukhula imbewu, ndayityla emhlabeni.
6	UMajeki wathatha isikhukuzi esasibeke amaqanda egolide.
7	"Siyayithanda suphu yakho, mama!" batsho abantwana.

UKUFUNDA UHQLOLO Iveki yesi-7 • Mvulo 127



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Umdlalo wokulinganisa ukuthenga

Sebenzisa eli xesha ukugqibezela uhlobo lwezobuGcisa beQonga lwangoLwesibini ukuba usalufuna.

Ngababini, xoxani ngokuthenga ukutya

- Sikuthenga phi ukutya? (kwiivenkile ezinkulu zokutya, kwisikroxo, ukutya okuvuthiweyo)
- Uthini xa ufuna ukuthenga into (ngendlela ethobekileyo)
- Uye athini unovenkile?

Ukulinganisa

- Sebenzisa izinto ezilahlwayo ezifana neebhokisi ezingenanto okanye iitoti ukuba zikhona.
- Dlalani umdlalo wokuthengisa ukutya. Abafundi bathenga izinto zibentathu zesidlo sangokuhlwa.
- Tshintshisanani ngokulinganisa.

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz.

Isicengcelezo esinentshukumo

- Nxulumanisa isicengcelezo nomxholo weveki.
- Abafundi bamamela umbongo. Ngubani othethayo?
- Abafundi bayamamela ze baphinde imigca.

Ingqolowa neemboty nerhasi

Ingqolowa neemboty nerhasi ziyakhula
Ingqolowa neemboty nerhasi ziyakhula
Ingaba mna nawe okanye nabanina uyayazi?
Zikhula njani ingqolowa

neemboty nerhasi
Kuqala umfama ahlwayele imbewu
Kuba sonke kumele sitye Ungqisha ngeenyawo aqhwebane nezandla
Aguquke ajonge amasimi akhe.



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi

- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
 - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYY iph. 121

15 imiz.

KNF

iph. 8-13

Umhle _____ ABC

Yakha amagama.

Letters on crab: nd, nx, a, b, e, d, e, l, a, a, i, a, a, i, n, x, e, l, e, i, n, d, o, d, a, n, x, i, b, a, i, l, a, n, d, a, i, n, x, e, b, a

Words formed: i n d a l o, i n x e l e, i n d o d a, n x i b a, i l a n d a, i n x e b a

Lwesibini 121



UHLLOLO LOKU-1 LOKUBHALA NGESANDLA

Khuphela isivakalisi

15 imiz.

Ukulungiselela

- Bhala isivakalisi esifutshane ebhodini abafundi basikhuphele.
- Qiniseka ukuba sidibanisa izandi/oonobumba abasele befundiwe.
- Khumbuza abafundi ngendlela ukubhala ngesandla kumele kubeyiyo (ukubunjwa kukanobumba, nobungakanani bukanobumba, isithuba phakathi kwamagama, ukusebenzisa iziphumlisi ngokuchanekileyo).

Umsebenzi

- Abafundi bakhuphela umsebenzi besenza okona kubhala ngesandla kuchanekileyo.
- Sukubavumela basebenzise irabha.
- Abafundi mababeke inkwenkwezi encinci phezu kwegama abanebhongo ngalo.
- Thatha incwadi zabo wenze uhlolo.

Isikhokelo sokukorekisha:

Jonga iphepha le-153

Amanqaku : 5



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) Isuphu emnandi nembi

Fundu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Isuphu emnandi nembi*.
- Buza imibuzo **yoSuku 3** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: isuphu, imifuno, emnandi, embi, yomdlalo

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.

NK iph. 32-35

15 imiz.

NYY iph. 110-113

Isuphu emnandi nembi

Umama uthi, "Jonga le mifuno, ndiza kwenza isuphu namhlanje."



"Nathi siza kwenza isuphu," utsho uVusi, uFanele kunye noBhabha.

32



UKUBHALA WEDWA

Bhala uluhlu lokutya okuthandayo

KNF iph. 38-41

15 imiz.

Funda kwakhona uluhlu lokutya okuthandayo

- Nikunye fundani uluhlu lweklasi obenulenze ngoLwesithathu.
- Abafundi mabacinge ngokutya abakuthandayo.

Ukubhala wedwa

- Abafundi babhala uluhlu lokutya abakuthandayo.
 - Sithini isihloko sakho?
 - Zingaphi iindidi zokutya ekumele uzibhale?
- Biza amagama aza kubanceda.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.

NYY
iph.
125-131



30 imiz



UHQLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA Iqela D

Uhlolo

- Abafundi bafunda izivakalisi ngokusebenza kwiNYY.
- Biza umfundi ngamnye ummamele xa efunda.
- Mamela umzuzu omnye kumfundi ngamnye.

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10

NT
iph. 127

IGAMA	UMHLA
Funda ezi zivakalisi.	
1	UThabo ufunda incwadi yakhe ayifumene kwithala leencwadi.
2	Ukuba ugqahleka ipolisa lingakunceda.
3	Ikati sasiypha ukutya namanzi yonke imihla.
4	UTshikana wakhwaza, "Ndincedeni!"
5	Yathi xa iqela ukukhula imbewu, ndayitgala emhlabeni.
6	UMajekhe wathatha isikhukukazi esasibeke amaqanda egolide.
7	"Siyayithanda isuphu yakho, mam!" botsho abantwana.
UKUFUNDA UHQLOLO	
Iveki yesi-7 • Mvulo 127	



UHQLOLO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

30 imiz.

Ukulungiselela (5 imiz.)

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela asibhozo. Biza iqela libe linye ngexesha lize kuhlolo.
- Yenza uhlolo kwisiqingatha seklasi ukuze abanye ubenzise ngomso.
- Elinye iqela lidlala uLandela inkokheli belinde ukubizwa.

Nika umyalelo kwiqela elinye ngexesha (15 imizuzu kwiqela ngalinye)

- Tsiba, imilenze idibene.
- Tsiba ngomlenze omnye, tsiba ngomnye.

- Yima ngxi ngomlenze omnye, yima ngxi ngomnye.
- Tsiba ume endaweni enye.
- Tsiba imilenze ivulekile uphinde utsibele phakathi.
- Ukuba izixhobo zikhona, intambo kagqaphu, ukuphosa nokuganga ibhola kunye nokutsibela esitulweni uphinde wehle.

Vumela imizuzwana engama-30 kwintshukumo nganye

Isikhokelo sokumakisha:
Jonga iphepha le-161
Amanqaku :10



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuchaza ukutya

30 imiz.

Ukwazisa

- Bonisa isiqhamo okanye umfanekiso waso.
- Ukuba ubusichazela umntu ongaboniyo esi siqhamo, ubuzakuthini? (umbala, ukulingana, imvelaphi, incasa).
- Ungakuchaza njani ukutya kumntwana osisithulu? (sebenzisa iintshukumo zesandla kunye nezijekulo).

Izibini

- Chaza ukutya wenze ngathi uchazela umntu ongaboniyo. Iqabane liyakuchonga.
- Chaza ukutya wenze ngathi uchazela umntu osisithulu. Iqabane malichonge.

Amaqela

- Yahlula ibe ngamaqela amabini.
- Phinda umsebenzi.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** Iindaba

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**UKUBHALA WEDWA** Ukuthelekisa uluhlu**Ukuthelekisa uluhlu**

- Abafundi basebenza ngababini ukuthelekisa uluhlu lokutya abakuthandayo.
- Bakrwela umgca ngaphantsi kokutya abakubhale bobabini.

Yenza uluhlu olutsha

- Izibini zenza uluhlu olutsha lokutya abakuthanda bobabini.
- Isibini sibonisa esinye isibini uluhlu lwaso.

15 mets

**IZANDI** Umdlalo wezandi

- Dlalani ngababini
- Susa isibali ngokwenani elikwi dayisi okanye ibhloko yamanani.
- Ukuba ume egameni lifunde ngokuvakalayo uze unike elinye igama eliqala ngeso sandi.
- Ukuba ume emfanekisweni, biza isandi salonto uze unike igama eliqala ngeso sandi.
- Khangela ukuba iqabane lakho lenze kakuhle.

NYY
iph. 124

15 imiz.

KNF

iph.
8-13**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.

NYY
iph.
125-131

30 imiz

**UHQLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA** Iqela E**Uhlolo**

- Abafundi bafunda izivakalisi ngokusebenza kwiNYY.
- Biza umfundi ngamnye ummamele xa efunda.
- Mamela umzuzu omnye kumfundi ngamnye.

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10

NT
iph. 127



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



UHLULO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

Ukulungiselela (5 imizuzu)

- Biza iqela elilandeyo lize kuhlolo.
- Amanye amaqela adlala uLandela inkokheli de babizwe.
- Luggibe uhlolo namhlanje.

Nika imiyalelo kwiqela elinye ngexesha (15 imizuzu iqela ngalinye)

- Tsiba, imilenze idibane.
- Tsiba ngomlenze omnye, tsiba ngomnye.
- Yima ngxi ngomlenze omnye, yima ngxi ngomnye.
- Tsiba ume endaweni enye.
- Tsibela ngaphandle imilenze ivulekile uphinde utsibele phakathi.
- Ukuba izixhobo zikhona, intambo kagqaphu ukuphosa ibhola uphinda uyigange utsibele esitulweni uphinde wehle.

Yenzani iintshukumo imizuzu engama-30

30 imiz.



Isikhokelo sokukorekisha:

Jonga iphepha le-152

Amanqaku: 10

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:



- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklas ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukutya okunesondlo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

bila

isuphu

yakhe

imifuno

umama

UMSEBENZI WOHOLO OLUSESIKWENI WEVEKI YESI-8

Mvulo	UkuPhulaphula nokuThetha	NY Y iph. 148	NT iph. 122
Lwesibini	ULwazi olusisiSeko ne PN2	NY Y iph. 150	NT iph. 124
Lwesine	Ukufunda nengqiqo 2	NY Y iph. 154 & 155	NT iph. 128
Lwesine	Izandi 1	NY Y iph. 156	NT iph. 128
Lwesihlanu	Izandi 2	NY Y iph. 157	NT iph. 130
Lwesihlanu	Ukubhala	NY Y iph. 158	NT iph. 130

ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA NCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokufunda yabaqalayo SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/ iikhoki nepensile
- amaphepha amakhulu (A4 okanye elingaphezulu, libemhlophe okanye libe yimibala-bala)
- izikere iglu, iseloteyiphu
- iipleyiti zamaphepha
- iimagazini ezinemifanekiso yokutya
- ingxowa okanye iibhokisi zokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo ekhethiweyo

Izinto ezilahlekileyo nezifunyenweyo

Qho ngoMgqibelo, uNana wenza isuphu kunye nomama wakhe. Baqala baye esuphamakethi baye kuthenga imifuno yokwenza isuphu. UNana uyakuthanda ukuya ezivenkileni kunye nomama wakhe. Evenkileni, bathenga itswele, iimbotyi neseleri ukuze benze isuphu.

“Nana, khawuncede ujongisise iminqathe kula bhokisi. Uze ukhethe iminqathe emikhulu emihle.” watsho umama.

UNana wajongisisa ngenyameko kwibhokisi yeminqathe ze wabona into esilivere ebengezelayo ngaphantsi ebhokisini. Inokuba yintoni? “Owu mama! Jonga le nto! Jonga ukuba ndifumene ntoni ngaphantsi ebhokisini! Ndingayigcina le wotshi intle yesilivere?” wabuza uNana.

“Inokuba kukho umntu olahlekelwe yiwotshi,” watsho umama. “Kufuneka siyinike **umphathi**.”



Intombazanana encinci egama linguVera **yayifixiza** ikhala. UVera wayelahlekelwe yiwotshi yakhe. Bekunye nomama wakhe bayikhangela kuyo yonke indawo apho evenkileni kodwa abayifumana. ‘Ucinga ukuba ukhona umntu oza kuyifumana iwotshi yam, andinike?’ wabuza uVera kumama wakhe. ‘Ewe, umntu angayenza loo nto, xa enothando entliziyweni yakhe,’ waphendula umama wakhe.

UVera nonina baya kumphathi bayokubuza ukuba ingaba akukho mntu oye wachola iwotshi wayizisa kuye na. Wabaxelela ukuba uNana kunye nomama wakhe bayichole iwotshi ze bayizisa kuye. Wabe sele ebanika ithuba lokuba bazane.

‘Ndiyifumene phantsi kweminqathe iwotshi yakho,’ watsho encumile uNana ngelixa uVera wayefaka iwotshi yakhe esihlahleni.

‘Enkosi kakhulu, ndiyabulela! Le wotshi yayisisipho sam somhla wokuzalwa. Yayiyekamakhulu wam.’ Watsho uVera.

Umama kaVera wasondela kuNana wamanga, waze wambulela ngokumthengela ipakethi enkulu yeeswiti.

UNana nomama wakhe bagoduka bayokwenza isuphu. Ngethuba bekera **benqunqa** imifuno, bancokola ngendlela awayevuya ngayo uVera xa babemnika iwotshi yakhe. Bancokola nangendlela ekuba mnandi ngayo xa usenza into elungileyo.

ISIGAMA

umphathi – ngumntu ophethe abasebenzi

yayifixiza – yayililela phantsi

benqunqa – ukusika into ibe ngamasuntswana amancinci

**INTLANGANISO YAKUSASA** lindaba

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.



**UKUFUNDA IBALI NGOKUVAKALAYO/
UHLOLO LWESI-2 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**

Phambi kokufunda

- Yithi: ibali lanamhlanje limalunga nento ibilahlekile yaze yafunyanwa.
- Yalela abafundi bamamele ngononophelo logama ufunda.
- Emva koko bazakuphendula imibuzo kwiNYY.

Emva kokufunda

- Abafundi mabatvhile kwiNYY.

- Funda umbuzo ngamnye uze uchonge iimpendulo ezichanekileyo kunye nabafundi.
- Abafundi mabakrwele umgca ecaleni kwempendulo abacinga ukuba iyiyo. Qinisekisa ukuba bonke abafundi balenzile ukhetho phambi kokuba udlule.

Isikhokelo sokukorekisha:

Jonga iphepha le-148

Amangaku: 5

Ukutya okunesondlo

NT
iph. 128

30 min

IGAMA		UMHLA	
Khetha impendulo echanekileyo. 1. Liqhubeka phi eli bal? ☐  ☐  ☐ 2. U-Anna nomama wakhe babeyithengela ntoni imifuno? Ukwenza i... ☐  ☐  ☐ 3. Wayifumana phi u-Anna iwotshi? Ebhokisini yu... ☐  ☐  ☐ 4. Wayekhalela ntoni uVera? Wayelahlakelwe yu... ☐  ☐  ☐ 5. Lisifundisa ntoni eli bal? (Phendula ngawakho amazwi.) ☐ _____ _____			



**ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN**

Izimizimuncu-muncu ezisempilweni

Ukufunda nokuthetha ngetheyibhile

- Bonisa iklasi itheyibhile kwiphepha lama-40 kwiNcwadi eNkulu okanye kwiphepha le-154 kwiNYY. Bakhumbuze ukuba itheyibhile isetyenziselwa ukuqokelela nokulandela ulwazi.
- Yolatha uluhlulwe zimuncu-muncu ezisempilweni ezilungele umzimba wakho. Zeziphi kwezi zimuncu-muncu owakhe wazitya.
- Yolatha amagama abantwana abathandathu. Kokuphi okona kutya kuthandwa nguSipho.
- Phinda ubuze ngegama ngalinye elikwitheyibhile.

Zoba itheyibhile ebhodini

- Zoba itheyibhile ebhodini ibe nemihlathi emibini nemiqolo emithandathu.
- Kumhlathi wokuqala, bhala: **iibhanana, umbona, amaqhashu, amandongomani, iminqathe, i-iapile.**
- Ababafundi mabavotele ezona zimuncumuncu bazithandayo ngokuphakamisa izandla. Umfundi uvota kube kanye.
- Babhala phantsi inani labafundi abavotele isimuncumuncu ngasinye kwikholam yesibini.

NN
iph. 40

15imiz.

Izimuncu-muncu ezinesondlo

Xa silambile okanye sinxaniwe, singakhetha izimuncu-muncu ezisempilweni kunezingekho sempilweni. Ukutya okunempilo kunceda ukugcina imizimba yethu yomelele. Izimuncu-muncu ezifana ne-ayisikrim, iilekese, neziselo ezihlahlwazayo azikho sempilweni. Aba bafundi beBangla loku-1 baphawule izimuncu-muncu ezisempilweni abazithandayo.

Frucht / Gemüse	Sipho	John	Mavis	Thoko	Ron	Ned
	✓		✓		✓	✓
		✓		✓		
						
		✓				
			✓			✓
			✓			
	✓					
		✓		✓		

[illegible]

IZANDI Isandi u-nc

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucotha nikunye.
- Funda isivakalisi.

**Bhala ucinezele phezu
kukanobumba kwisivakalisi.**

**NY
iph. 132
15 imiz.**

**KNF
iph.
8-13**

Ivaki yesi-B
Ukutya okunesondo

A B C
Umhla _____



nc



inciniba





inopho



inciniba



inciniba

nc	nc	ncu	nc	nci
----	----	-----	----	-----



inca-nda



inca-m



inca-la

inca-nda	inca-m	inca-la
----------	--------	---------

UNoncedo unancisa usana.

132
Mvulo



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYV
iph.
30-36



30 imiz.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibe yeyeveki.

Yazisa izititshi zemisebenzi

Imisebenzi yeklasi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ikholaji yokutya okusempilweni

Ukuyila

- Yenza ikholaji yepleyiti yephepha (imizuzu eli-15).
 - Khupha iimagazini, isikere, iglu kunye neepleyiti zephepha.
 - Sika ngononophelo imifanekiso yokutya okuthandayo.
- Ncamathelisa imifanekiso kwipleyiti yephepha.
- Enye indlela: zoba ukutya othanda ukukutya epleyitini engenanto.

Bonisa umsebenzi wobugcisa.

- Bonisa iipleyiti zakho zephepha.
- Thetha ngokuba kokuphi ukutya okubonakala kumnandi.

30 min



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izimuncu-muncu ezisempilweni

Cinga- ngababini-yabelana

- Cinga: sesiphi isimuncu-muncu esisempilweni osithandayo? Usifumana phi, usifumana nini? Kutheni usithanda?
- Ngababini: xelela iqabane lakho.
- Yabelana: khetha abafundi abambalwa bazokuthetha bebalisela iklassi.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO UHLOLO LWESI-2

Zikhula njani izityalo

Ukwazisa


- Abafundi babeka imizobo ngokulandelelana beqala kwinombolo 1-5.
- Babhala igama emgceni bexela leliphi ilungu lesityalo elikhulayo.

Ngabanye

- Bagqibezela umsebenzi kwiNYY iphepha le-150

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha 158
Amanqaku: 10

NT
iph. 129
15 imiz.



IZANDI Ukwakha amagama kunye

Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.


Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY
iph. 133
15 imiz.

KNF
iph. 8-13



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37
15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (4) *Isuphu emnandi nembali*

Buyela

- Buza: Ngubani onokundixelela okwenzekileyo ukuza kuthi ga ngoku kweli bali?

Funda

- Fundela iklasi amaphepha 36-39 ebali elithi *Isuphu emnandi nembali* ufundela.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: **isuphu, imifuno, entle, embi, yomdlalo**

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
36-39
15 imiz.

NY
iph.
114-117



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibika.

Yithi **Molo** kule nombolo 060 017 0000 ukubuza imibuzo ngebali!



NY
iph.
30-36

30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Ukutya okunempilo okuswiti okunayo netyuwa*

- Khupha amaphepha, iikhrayoni, iikoki nepeyinti.
- Zoba uleyibhelishe ukutya okusempilweni okuthandayo okuswiti kunayo netyuwa.

Okanye

- Ukuba zikhona iimagazini, abafundi mabenze ikholaji yokutya basike imifanekiso yokutya.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Kutheni sizidinga izityalo

Fundani kunye

- Chonga izinto ezenziwe ngezityalo. (iphepha, amayeza, i-oyile, impahla yendlu)
- Jonga imizekelo yezinto onokuzenza ngezityalo. (ukutya, umlilo, indawo yokuhlala)

Ukwenza

- Xela zonke izinto ezivela kwizityalo ezikhoyo eklasini. (iipensile, isidlo sasemini, iphepha, iidesika)

 NYY
iph. 134
15 imiz.


IZANDI Isandi u-ny

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Fundani

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucutha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

 NYY
iph. 135
15 imiz.

 KNF
iph.
8-13


UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

 KNF
iph.
31-37
15 imiz.


UKUFUNDA NOTITSHALA (5) Isuphu emnandi nembi

Buyela

- Buza: Ngubani onokundixelela okwenzekileyo ukuza kuthi ga ngoku kweli bali?

Fundani

- Fundela ikhosi amaphepha 36-39 ebali elithi Isuphu emnandi nembi ufundela.
- Buza imibuzo yoSuku 2 kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: isuphu, imifuno, entle, embi, yomdlalo

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

 NN
iph.
36-39
15 imiz.

 NYY
iph.
114-117




UKUBHALA NOTITSHALA Ukutya endikuthandayo

Ukulungiselela

- Khuphela isakhelo sokubhala ebhodini.

Iklasi

- Xoxani nize nivotele okona kutya kuthandwa kakhulu eklasini.
- Nikunye, gqibezelani isakhelo sokubhala esimalunga nokutya. Abafundi mabagqibe ngokuzakubhalwa.
- Bhala izizathu zibembini okanye zibentathu ukuba kutheni abafundi bethanda oluhlobo lokutya.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.

Ukutya esikuthandayo
Ukutya esikuthandayo
yi _____
Siyakuthanda kuba



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklassi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYV
iph.
30-36



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000 ukubuza
imibuzo ngebali!



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklassi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ingxoxo ngendlela entle yokuziphatha

Ukwazisa

- Hlaziya into ibifundiwe kwiveki yesine malunga nendlela entle yokuziphatha.
- Bakhumbuze.

Ngababini

- Khetha izibini zabalinganiswa, umzekelo umakhulu nomzukulwana, ugqirha nesigulane, umama nonovenkile nomthengi.
- Lungisa ingxoxo mpikiswano encinci phakathi kwabalinganiswa bebonisa ukuziphatha kakuhle. (*ukubulisa, ukuxolisa, ukucela, ululinda, ukuphakamisa isandla, ukuphulaphula nokuthetha*)
- Abafundi bazakubonisa iklassi ngomso.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingoma/umbongo

- Cula/ cengceleza ingoma ebifundiswe kwiveki ephelileyo. (ingqolowa neemboty nerhasi)

15 imiz.



UHQLOLO LWESI-2 LOKUFUNDA NENGQIQO

Izimuncu-muncu ezisempilweni

Fundani kunye itheyibhile ekwiphepha le-154

- Sifunda le theyibhile kwiNcwadi eNkulu ngoMvulo.
- Khumbuza abafundi sifunda imiqolo ukusuka ekhohlo ukuya ekunene kunye neekholam ukusuka phezulu ukuya ezantsi.

Phendula imibuzo kwiphepha le-155

- Funda umbuzo ngamnye kunye nabafundi.
- Basebenza bebodwa, umfundi ujonge itheyibhile kwakhona ukuze afumane iimpendulo.
- Babhala iimpendulo emigceni.

NT
iph. 130
& 131
30 imiz.

IGAMA	UMHLA
Izimuncu-muncu ezinesondlo	
Ukutya ukutya okusempilweni kusinceda ukuba sigcine imizimba yethu isempilweni. Aba bafundi belibonga loku-1 change izimuncu-muncu abazithandayo.	
Sighe	John
Mavis	Thoko
Ron	Neo
	☒
	☒
	☒
	☒
	☒
	☒
	☒
	☒
	☒

130 Ivekisi-8 - Lwesine UHQLOLO LOKUFUNDA, IPH. 1

IGAMA	UMHLA
Fundani iphepha uze uphendule mibuzo.	
1 Sesiphi esona simuncu-muncu sitshandayo?	
2 Sesiphi esona simuncu-muncu uJohn asithandayo?	
3 Sesiphi esona simuncu-muncu singathandwa mntu?	
4 Bhala izimuncu-muncu sibe sinye esingekho sempilweni.	
5 Zibaluleke ngantoni izimuncu-muncu ezisempilweni?	
6 Sesiphi esona simuncu-muncu usithanda kakhulu?	

131 Ivekisi-8 - Lwesine UHQLOLO LOKUFUNDA, IPH. 2

Isikhokelo sokukorekisha: Jonga iphepha le-152
Amanqaku: 10



IZANDI UHQLOLO LOKU-1 Gqibezela amagama

- Abafundi basebenza bebodwa.
- Bafakela oonobumba abashiyiweyo ukugqibezela amagama.

NT
iph. 132
15 imiz.

IGAMA	UMHLA
Fakela izandi ezishiyiweyo kula magama.	
	u...za
	a...dali
	isikho...
	i...ibi
	i...wa
	i...ina

132 Ivekisi-8 - Lwesine IZANDI UHQLOLO LOKU-1

Isikhokelo sokukorekisha:
Jonga iphepha le- 151
Amanqaku: 5



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
30-36



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Yingxoxo yababini ngendlela eyiyo yokuziphatha

- Izibini zenza ingxoxo mpikiswano.
- Thethani malunga nendlela ekuboniswa ngayo indlela entle yokuziphatha.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**UHQLOLO LWESI-2 LWEZANDI** **Ubizelo**

- Biza igama ngalinye ngokucutha. Liphinde kanye.
- Abafundi babhala amagama kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Thatha ukuze ukorekisha.

KNF
iph. 10
15 imiz.

incasa

incindi

incula

unyawo

inyama

Isikhokelo sokukorekisha:

Jonga iphepha le-151

Amanqaku: 10

**UHQLOLO LOKU-1 LOKUBHALA****Ukutya endikuthandayo**

- Abafundi babhala igama lokutya abakuthandayo kwibhokisi yokuqala.
- Babhala ubuncinane isivakalisi esinye malunga nokuba kutheni bekuthanda kwibhokisi yesibini.
- Abafundi basebenza bebodwa. Bakhuthaze bawabize amagama ngokuvakalayo.

15 mets

**Isikhokelo sokukorekisha:**

Jonga iphepha le-154

Amanqaku: 10

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
30-36**ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA****Amaqela D no-E****Isifundo sesibini**

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF

iph.

51-52

30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Ukugcina ukutya

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

iziqhamo

isaladi

isitya

nqunqa

chuba


ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT) NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: 2 x 15 imiz. iqela ngalinye Imisebenzi yokufunda yabaqalayo SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.	15 imiz.
Iqela A	FQNT 1	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 2	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela B	SOW 1	FQNT 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	SOW 5	FQNT 2	SOW 6	SOW 7	SOW 8
Iqela C	SOW 1	SOW 2	FQNT 1	SOW 3	SOW 4	SOW 5	SOW 6	FQNT 2	SOW 7	SOW 8
Iqela D	SOW 1	SOW 2	SOW 3	FQNT 1	SOW 4	SOW 5	SOW 6	SOW 7	FQNT 2	SOW 8
Iqela E	SOW 1	SOW 2	SOW 3	SOW 4	FQNT 1	SOW 5	SOW 6	SOW 7	SOW 8	FQNT 2

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iikhrayoni/ iikhoki, ipensile
- iphepha elikhulu (A4 okanye elingaphezulu, libemhlophe okanye libe ngumbala)
- ipowusta, ipeyinti nebrashi/iikhrayoni ezityebileyo, iipeni ezineencam ezi itsolo
- umtya
- izikera kunye nezinto zokuvula imigxuma
- izinti/idowuli (dowels) okaye ihengari
- iibhegi/ibhokisi yokufaka oonobumba beveki
- izixhobo ezifunekayo zemisebenzi yemithambo ekhethiweyo



Ithanga elikhulu kakhulu

Kudala-dala kwaye kukho umfama owayelima amathanga amahle. La mathanga wayewalima **entsimini** yakhe. Ngomnye unyaka elinye lamathanga akhe lakhula ngokukhawuleza okukhulu. Lakhula, lakhula eli thanga, usuku nosuku laya lisibalikhulu.

Ngephanyazo lavela laba likhulu kakhulu lalingana nevatala. Inkosikazi yomfama yeza yafika yalijonga. "Elingaka ukuba likhulu ithanga! Kufuneka likhiwe ngokukhawuleza," watsho.

"Ndiza kukhe ndilinde kancinane phambi kokuba ndilikhe," watsho umfama.

Alizange liyeke ukukhula ithanga. Kungekudala lakhula lalingana nesitulo. Abantwana bomfama bafika beze kulijonga. "Elingaka ukuba likhulu ithanga. Kufuneka ulikhile ngokukhawuleza," batsho.

"Ndiza kukhe ndilinde kancinane phambi kokuba ndilikhe," watsho umfama.

Alizange liyeke ukukhula ithanga. Kungekudala lakhula lalingana nemoto.

Abamelwane bomfama bafika beze kulijonga. "Elingaka ukuba likhulu ithanga. Kufuneka ulikhile ngokukhawuleza. Nakanjani kufuneka ulikhe kule veki," batsho.

"Ndiza kukhe ndilinde kancinane phambi kokuba ndilikhe," watsho umfama.

Ngosuku olulandelayo ithanga lalikhulu lilingana nendlu. **linkonde** zelali zafika zize kulijonga. "Elingaka ukuba likhulu, ithanga! Kusasa ngomso kufuneka ulikhile," zatsho.

"Ndiza kukhe ndilinde kancinane phambi kokuba ndilikhe," watsho umfama.

Ngobo busuku, wonke umntu ekobentlombe ubuthongo, kwavakala isandi esikhulu. Sasisikhulu ngaphezu kwesandi sendudumo okanye esenqwelomoya. Savusa wonke umntu. Umfama wabaleka waphuma phandle. Unkosikazi wakhe wabaleka waphuma phandle. Abamelwane babaleka baphuma phandle. linkonde zelali zabaleka nazo zaphuma phandle.

Bakufika phandle bayibona into eyenzekileyo. Ithanga **laliqhushumbile**, livulekile! Kwakukho amasuntswana alo amaninzi athe saa phantsi.

Umfama wahleka. "Ndilinde ixesha elide kakhulu. Kodwa ke ngoku siza kulonwabela eli thanga. Zithatheleni kangangoko nifuna."

Wonke umntu wazithathela isuntswana kwelo thanga likhulu. Ngosuku olulandelayo unkosikazi womfama wenza isuphu emnandi yethanga. Abamelwane nabo benza isuphu yethanga. Ilali yonke nayo yenza isuphu yethanga. Bonke abantu belali batya, batya de bahlutha.



ISIGAMA

entsimini – umhlaba olibala olungiselwe ukulima

iinkonde – abantu abadala/ amaxhego namaxhegokazi

laliqhushumbile – lalidubule lavuleka



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph.
31-37
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umsebenzi wale veki abaza kuwenza bodwa.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYN
iph.
154-160



30 imiz.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela A noB

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo kwiphepha lesi-5 ibe yeyeveki.

Yazisa izititshi zemisebenzi

Imisebenzi yekhosi

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba ukutya uze ufake umbala

Yazisa

- Cacisa ukuba enye indlela yokuhlela iziqhamo kukuhlela ngokwemibala.
- Abafundi banika imizekelo yokutya ukunemibala etyheli, ebomvu, eluhlaza, njl.

Ukuyila

- Umfundi ngamnye kwiqela ukhetha umbala owahlukileyo.
- Bayazoba bafake umbala kumzekelo omnye wokutya. Faka umbala kumacala omabini ephepha.
- Yenza umzobo omkhulu ukuze ubenakho ukuwusika.
- Wusike uwugcine kakuhle ukuze ngomso nijikeleze nenze umboniso weqela.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cacisa ukuphindwa kubaliswe ibali

- Abafundi basebenza ngokwamaqela bephinda ukubalisa ibali.
- Ilungu ngalinye eqeleni lithatha inxaxheba ukubalisa ingxanye yebali.
- Xa utitshala esithi "qhubeka" omnye umfundi eqeleni uyagqibezela abalisa.

Ukuphinda ubalise ibali

- Abafundi basebenza emaqeleni ukubalisa ibali kwakhona.

Ithanga elikhulukazi

- Mabangakhathazeki xa bathe bashiyelela into.
- Mabamamelisise xa omnye ethetha ukuze ayazi indawo aqala kuyo.
- Xa ibali ligqityiwe. Qala ekuqaleni kwakhona, abafundi abahlukeneyo bazakubalisa iindawo ezahlukeneyo.

NT iph. 103

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Ukutya okusempilweni okanye okungekho sempilweni

Yazisa

- Ingaba ngubani osazikhumbulayo izimuncu-muncu ezisempilweni besifunde ngazo kwiveki ephelileyo.

Ngababini

- Xela ukutya okufumaneka kwiphepha le-171.
- Xoxani ingaba kusempilweni okanye akukho sempilweni.
- Phawula igama elichanekileyo.
- Gqibezela izivakalisi ngokunokwakho.

NYY
iph. 149

15 imiz.

Umhla _____

Kakuphi ukutya okusempilweni?
Phawula ibhokisi echanekileyo.

akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni
akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni
akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni	akusempilweni okungekho sempilweni

Gqibezela ezi zivakalisi.

- Iziqhamo nemifuno kukutya oku_____
- Izisele ezihlawlwazayo neelekele kukutya oku_____

Lwesibini 149



IZANDI Ukwakha amagama kunye

Lungiselela

- Abafundi basika amakhadi amagama eveki (kwiNYY iphepha lama-163).
- Bonisa amakhadi katitshala uwaxube uwancamathisele ebhodini.

Ukwakha amagama kunye notitshala

- Biza umfundi aze ebhodini ngegama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Sithini isandi sokuqala? Uthini unobumba wokuqala? Njalo njalo.
- Nika umfundi ithuba azifunele oonobumba bamakhadi awabeke kwindawo efanelekileyo.
- Abanye abafundi bazama ukukhuphela igama ngawabo amakhadi.

Faka oonobumba kwibhegi/kwibhokisi ukuze ubasebenzise kwakhona

NYY
iph. 150

15 imiz.

KNF

iph.

8-13

Umhla _____

Yakha amagama.

h a i t e u o m b

h a b a i h u m i
i m i h a u s h o t i
i h e b o i s h e t i

150 Lwesibini



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF

iph.

31-37

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Ukwenza isaladi yeziqhamo

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Ukwenza isaladi yeziqhamo*.
- Buza imibuzo **yoSuku 1** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: iziqhamo, isaladi, isitya, nqunqa, chuba

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
42-45
15 imiz.

NY
iph.
143-146

Ukwenza isaladi yeziqhamo

Izinto oza kuzisebenzisa:

- iziqhamo
- ijuji ye-orenji



Umntu ngamnye uza nesiqhamo sibe sinye.

42



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela C noD

Isifundo sokuqala

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



NY
iph.
154-160



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Isijingisi sokutya

Yazisa

- Khupha imizobo esikiweyo yangezolo, izikere, isivuli-mngxuma, umtya, ukhuni, iihengari.
- Isijingisi ngumhombiso ojinga emoyeni.

Ukuyila isijingisi ngokwamaqela

- Amaqela asebenzisa imizobo yangezolo ukwenza isijingisi sokutya.
- Mabavule umngxuma kumsiko ngamnye.

- Mabafake umtya kumngxuma ngamnye baze babophelele imisiko kwihengari okanye kukhuni.
- Mabalungalelanise isijingisi sokutya basixhome.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe ikhosi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Iindlela zokugcina ukutya

Ukugcina ukutya

- Sizigcina njani iintlobo-ntlobo zokutya emakhaya? (isonka, ipapa, ubisi, iziqhamo)
- Kutheni sikugcina ukutya ngononophelo? (ukuze kuhlale kukhuselekile kwaye kungaboli)

Funda uze uphendule imibuzo

- Jonga umfanekiso. Zeziphi iindlela ezahlukeneyo

onokuthi ugcine ukutya kungaboli kwaye kukhuselekile?

- Cacisa ukutya okwahlukileyo kugcinwa ngeendlela ezithile. Nika imizekelo (okusetotini, okomisiweyo).
- Funda umbuzo ngamnye. Cela abafundi ukuba bajonge umfanekiso ngononophelo kwiNYY ukuze bafumane iimpendulo.

NYY
iph. 151
15 imiz.

Umbha _____

Ukugcina ukutya
Phendula imibuzo.

- Chaza ukutya okunokomiswa.
- Chaza ukutya okufanelewe kugcinwe kubanda.
- Chaza ukutya okunokugcinwa amhankeni.
- Chaza ukutya okunokugcinwa kungenwe ngumoya (kwiingxobo esivalelekileyo).
- Chaza ukutya okunokugcinwa kunkonkisiweyo.
- Ungakugcina phi oku kutya:
 - umgubo wombona? amaganda?
 - ibhanana? i-yogathi?

Lwesithathu 151



IZANDI Isandi u-sh

Hlaziya izandi

- Ngokukhawuleza bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundiweyo. Abafundi babiza izandi.

Yazisa isandi esitsha

- Phulaphula uze ubize isandi esitsha.
- Qaphela umlomo wakho.

Chonga amagama anesisandi

- Abafundi babiza amanye amagama anesi sandi.

Funda

- Fundani oonobumba kunye namagama akwiibhloko ngokucutha nikunye.
- Funda isivakalisi.

Bhala ucinezele phezu kukanobumba kwisivakalisi

NYY
iph. 152
15 imiz.KNF
iph. 8-13

Umbha _____

sh ushoti

sha shu sho she shi

10 i-shu-mi i-gu-sha i-shi-ya

ishumi igusha ishiya

Iha e likaShumikazi liya i-ya.

152 Lwesithathu



UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba wesandi sanamhlanje.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37
15 imiz.UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)

Ukwenza isaladi yeziqhamo

Funda

- Fundela ikhosi ibali elithi *Ukwenza isaladi yeziqhamo*.
- Buza imibuzo **yoSuku 2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: iziqhamo, isaladi, isitya, nqunqa, chuba

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.

NN
iph. 42-45
15 imiz.NYY
iph. 143-146

Ukwenza isaladi yeziqhamo

Izinto oza kuzisebenzisa:

- iziqhamo
- ijusi ye-orenji

Umntu ngamnye uza nesiqhamo sibe sinye.

42



UKUBHALA NOTITSHALA

Iresiphi yesaladi yeziqhamo

KNF iph. 38-41
15 imiz.

Ukulungiselela

- Khuphela isikhokelo sokubhala ebhodini.
- Cacisa amacandelo amathathu eresiphi.
 - Izithako: izinto ezidityanisiwayo ukwenza ukutya.
 - Izixhobo: zizinto ozisebenzisayo ukupheka ukutya.
 - Imiyalelo: Ikuxelela indlela yokwenza.
- Khumbuza abafundi ukuba, kwiresiphi imiyalelo kumele ilandelelane kakuhle.

Bhala

- Niyiklasi sebenzisani udonga lokubhala nibhale iresiphi yesaladi yeziqhamo.
 - Yintoni esiyenzayo kuqala? (sihlamba iziqhamo)
 - Yintoni elandelayo? Njl njl.
- Yeka iresiphi isebhodini ukuze isetyenziswe ngoLwesine.

Fundani iresiphi kunye.

Isihloko: _____

Izithako

1. _____

2. _____

3. _____

Izixhobo

_____, _____, _____, _____, _____

Imigaqo

1. _____

2. _____

3. _____

4. _____

5. _____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklassi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYI
iph.
154-160



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000 ukubuza
imibuzo ngebali!



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela E no-A

Isifundo sokuqala seQela E

- Yazisa ibali.
- Funda ibali kunye nabafundi. Yima ekupheleni kwephepha ngalinye uze ubuze imibuzo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano.

Isifundo sesibini seQela A

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklassi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Bendiye emariken

- Abafundi mabahlale bakhe isangqa.
 - Utitshala: Bendiye emariken ndaze ndathenga iapile.
 - Umfundi 1: Bendiye emariken ndaze ndathenga iapile neorenji.
 - Umfundi 2: Bendiye emariken ndathenga iapile, iorenji kunye nenyama.
- Qhubeka kude kubekhona olibalayo.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu.
- Dlalani umdlalo wesandi esifanayo okanye esahlukileyo.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Yenza isicengcelezo sokubala

15 imiz.

- Nxulumanisa isicengcelezo sale veki nomxholo.
- Fundisa umbongo neentshukumo.
- Abafundi mabangenelele kangangoko.

Umthi wam weziqhamo

Iziqhamo ezintlanu zijing' emthini, Ezinye zezam ezinye zezakho. Yikh' esakho uza kubona.

Iziqhamo ezine zijing' emthini. Iziqhamo ezine zijing' emthini, Ezinye zezam ezinye zezakho. Yikh' esakho uza kubona.

Iziqhamo ezintathu zijing' emthini. Iziqhamo ezintathu zijing' emthini, Ezinye zezam ezinye zezakho.

Yikh' esakho uza kubona.

Iziqhamo ezimbini zijing' emthini. Iziqhamo ezimbini zijing' emthini, Ezinye zezam ezinye zezakho. Yikh' esakho uza kubona.

Isiqhamo esinye sijing' emthini. Isiqhamo esinye sijing' emthini, Esinye sesam esinye sesakho. Yikh' esakho uza kubona. Akukho siqhamo sijing' emthini!



IZANDI Ukwakha amagama uwedwa

Ukuthiya oonobumba usebenzisa amakhadi


- Abafundi basasaza amakhadi oonobumba phezu kwedesika.
- Utitshala ubiza isandi.
- Abafundi baphakamisa oonobumba abahambelana neso sandi.

Ukwakha amagama uwedwa

- Sebenzisa amagama angolwesibini esifundo sokwakha amagama:
 - Biza igama uze uncede abafundi balichonge babale nesandi.
 - Abafundi bakha igama ngamakhadi abo.
 - Qwalasela (umfundi omnye ubhala igama ebhodini).
 - Bakhuphela igama kwiincwadi zabo zokubhalela.

NYY
iph. 150

15 imiz.

KNF
iph. 8-13

UKUBHALA NGESANDLA

- Landela iingcebiso ngezifundo zokubhala ngesandla kwiKNF.
- Fundisa ukwakhiwa konobumba kwesandi sayizolo.
- Abafundi babhala kwiincwadi zabo zokubhalela.
- Qwalasela uze uncede.

KNF
iph. 31-37

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Ukwenza isaladi yeziqhamo

Fundisa

- Fundela ikhosi ibali elithi Ukwenza isaladi yeziqhamo.
- Buza imibuzo yoSuku 3 kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kwakhona nikunye njengeklasi.

Bonisa amagama amakhadi oonotsheluzi: iziqhamo, isaladi, isitya, nqunqa, chuba

- Phakamisa amakhadi oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa amakhadi oonotsheluzi namagama akwiNcwadi eNkulu.
- Xhoma amakhadi oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.

NN
iph. 42-45

15 imiz.

NYY
iph. 143-146



UKUBHALA WEDWA *Ukwenza isaladi yeziqhamo*

Fundani kwakhona iresiphi yesaladi yeziqhamo

Bhala

- Abafundi mabazobe into ibenye ekumele bayenze xa besenza isaladi yeziqhamo.
- Mababhale isivakalisi malunga nemizobo yabo.

KNF
iph.
38-41
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYF
iph.
154-160



ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA

Amaqela B noC

Isifundo sesibini

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisa.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA *Izipili*

Ukubonisa

- Yiba kunye nomfundi ubonise iklasi indlela yokwenza iintshukumo zeqabane.
 - Yimani nijongane neqabane lakho.
 - Khupa izandla ngaphandle, intende zezandla zijongane kodwa zingadibani.
 - Iqabane lokuqala lisusa izandla. Iqabane lesibini liyalinganisa.
 - Yenza nayiphi iintshukumo yesandla, ngokukhawuleza okanye ngokucotha.

Ngabanini

- Bathatha inxaxheba bekhokela bebonisa iintshukumo zamaqabane.
- Mabenze bengahleki okanye bengathethi.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.
- Abafundi babalisa iindaba zabo besebenzisa indlela yokufundisa kacinga-izibini-yabelana kunye nesakhelo *seeNdaba Zam*.

15 imiz.

**IZANDI** **Dlala uqash-qash**

- Neklasi, chaza zonke izinto ezisemfanekisweni. Xela isandi sokuqala ngokucacileyo.
- Bonisa indlela yokudlala. Khetha umfanekiso emva koko uthi: "Ndihlola ngeliso lam elincinane into eqala ngo...." unike isandi sokuqala.
- Abafundi baqikelela ukuba ngowuphi umfanekiso owukhethileyo.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela baze abafundi babolekisan ngokuhlola nokuqikelela.
- Iqela ngalinye likhetha umzekelo omnye eliza kuwudlala neklasi yonke.

NYY
iph. 153

15 imiz.

KNF
iph.
8-13**UKUBHALA WEDWA****Ukubonisana ngemizobo nesivakalisi****Bonisa imizobo yakho**

- Abafundi basebenza ngababini bebonisana imizobo yabo.
- Abafundi bayacacisa ukuba bazobe ntoni kutheni bezobe lonto nje.

Thelekisa

- Abafundi baya bexhalaba: Ngoobani abazobe amanyathelo afanayo? Ngaba imizobo iyafana twatse?

15 imiz.

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngemini ngaphandle kokuba banoFQNT.
- Bakhumbuze basebenze ngokuzolileyo besebenza ngabodwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iqela lokuqala emethini kukuFQNT.

NYY
iph.
154-160**ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA****Amaqela D no-E****Isifundo sesibini**

- Ngezibini, abafundi bafunda amaphepha ngokubolekisan.
- Baphulaphule ngethuba befunda. Bhala phantsi okuqapheleyo.
- Ngokukhokelwa linqanaba leqela, gxila kuhambelwano lonobumba nesandi, ukudibanisa nokuqhekeza amagama okanye ukufunda ngokutyibilika.

Yithi **Molo** kule nombolo
060 017 0000
ukubuza imibuzo ngebali!



30 imiz.

KNF
iph.
24-27



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Ziintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

KNF
iph.
51-52
30 imiz.



Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY, iincwadi zokubhala ngesandla nezokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi,** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki,** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam,** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye,** umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ukudityaniswa kunye nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo ngoko asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo. Uyakufumana nje iingcebiso ngemisebenzi yohlaziyo enokwenziwa nanini na evekini.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Abafundi mabakhethe ibali abanqwenela ukuphinda balifundelwe.
- Emva koko cela umfundi okanye abafundi ababini babalise ibali olifundileyo.
- Ngababini: babaliselana ngawona mabali bawathandayo.
- Ukucengceleza isicengcelezo okanye umbongo ngabanye okanye ngamaqela amancinci.
- Mema umntu ekuhlaleni azokunindwedwela aze athethe ngeendlela abanceda ngayo uluntu, umzekelo, umongikazi, unoncwadi.



UKUFUNDA

- Phinda ufunde awona mabali abathe bawonwabela kule kota akwiNcwadi eNkulu (NN).
- Abafundi mabafunde amanye amabali bewafunda ngokuvakalayo.
- Abafundi baphinda bafunde ngezibini kunye namaqabane awohlukeneyo.
- Ukufunda eyedwa: bafunda iincwadi ezikwikona yokufundela/ ithala leencwadi.



IZANDI


- Phinda kwakhona imisebenzi yolwakhiwo lamagama.
- Dlala imidlalo yezandi yangoLwesihlanu kwakhona.
- Amaqela: yenzani imisebenzi yokuhlengahlengisa amagama akoonotsheluzi, umzekelo, khangelani amagama alishumi akhiwe ngoonobumba abathandathu, funa amagama abemahlanu aqala ngo X, njl.
- Ngababini: Fundani kwakhona amagama akumaphepha ezandi.
- Culani iingoma zezandi.
- Abafundi bagqibezele nawuphi umSebenzi Owenza Wedwa kwiNYY abangakhange bawugqibe. Khangela ukuba bawenze kakuhle.
- Imisebenzi yezandi kwiDBE.



UKUBHALA

- Nika abafundi amaphepha bazobe umfanekiso babhale isihlokwana ngezantsi.
- Bayalele bazame ukubiza ngokuvakalayo amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama asedongeni.





ULWAZI OLUSISISEKO/PN

- Abafundi benza nayiphi imisebenzi kumaphepha eDBE yezaKhono zoBomi. Eminye imisebenzi iyadlula ekusebenziseni iphepha nepensile ibandakanya imizobo, imilinganiso, ukubumba kunye nengxoxo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

- Nika abafundi izixhobo zomsebenzi wezobuGcisa ezinjenge khrayoni, iikoki, amaphepha ayimibala-bala nayimilinganiselo eyahlukileyo
- Bavumele abafundi bazikhethele into abafuna ukuyizoba.
- Yalela abafundi babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo bacacise ukuba yintoni abakhethe ukuyizoba.



EZOBUGCISA BEQONGA

- Hlaziya imibongo nezicengcelezo abazifunde kwiveki 1-9. Iqela malikhethe liziqhelanise nesicengcelezo okanye umbongo ubemnye.



EZEMITHAMBO

- Dlalani imidlalo yokubhiyozela inkcubeko.
- Yibani nosuku lwemidlalo apho amaqela aza kukhuphisana. Yenzani imisebenzi ebeniyenze kule Kota.



UHQLOLO

ISICWANGCISO SOHQLOLO IKOTA YESI-3

- Itsheklisti ebonisa umsebenzi wonke wekharityhulam ifumaneka ngemva kule Ncwadi kaTitshala.
- Imisebenzi yohlolo olusesikweni isasazwe phakathi kweveki yesi-6, 7, neyesi-8.
- Imigaqo yohlolo, ikhrayitheriya yokumakisha imisebenzi kunye nokuqwalaselwa zikhona ngasemva kule Ncwadi kaTitshala kwaye zenziwe zayinxalenye yezicwangciso zokufunda.
- Ukuqwalaselwa kokusebenza kwabafundi ngokweKota (UHQlolo oluNgekho seSikweni noluseSikweni, luthathelwa ingqalelo kumanqaku okugqibela).

Umsebenzi woHlolo oluseSikweni: iKota yesi-3					
			Umsebenzi womfundi*	Isicwangciso sesifundo	Irubhrikhi
Iveki yesi-6	Mvulo	EzobuGcisa obuBonwayo 1	Okwenziwayo	NT Iph. 69	NT Iph. 123
	Lwesibini	ULwazi olusisiSeko/PN 1	NT Iph. 126*	NT Iph. 70	NT Iph. 122
	Lwesibini, Lwesithathu, Lwesine	UkuPhulaphula nokuThetha 1	I-oral	NT Iph. 71, 73 & 75	NT Iph. 117
Iveki yesi-7	Mvulo – Lwesihlanu	Ukufunda 1 (ngexesha loFQNT)	NT Iph. 127*	NT Iph. 81, 83, 85, 87 & 88	NT Iph. 119
	Mvulo noLwesibini	EzobuGcisa obeNziwayo 1	Okwenziwayo	NT pp. 81 & 83	NT Iph. 124
	Lwesine	Ukubhala ngesandla 1	Incwadi yokuBhalela	NT Iph. 86	NT Iph. 120
	Lwesine noLwesihlanu	EzemiThambo 1	Okwenziwayo	NT Iph. 87 & 89	NT Iph. 125
Iveki yesi-8	Mvulo	UkuPhulaphula nokuThetha 2	NT Iph. 128*	NT Iph. 92	NT Iph. 117
	Lwesibini	ULwazi olusisiSeko/PN 2	NT Iph. 129*	NT Iph. 94	NT Iph. 122
	Lwesine	Ukufunda 2	NT Iph. 130-131*	NT Iph. 98	NT Iph. 119
	Lwesine	Izandi 1	NT Iph. 132*	NT Iph. 98	NT Iph. 118
	Lwesihlanu	Izandi 2	Incwadi yokuBhalela	NT Iph. 100	NT Iph. 118
	Lwesihlanu	Ukubhala 1	Incwadi yokuBhalela	NT Iph. 100	NT Iph. 121

* Amaphepha anokufotokotshwa olu Hlolo asekupheleni kwale ncwadi.

Thatha iincwadi zabafundi uzikorekiske veki nganye. Bhala iimbono zakho ngemisebenzi yabantwana emgceni oshiyiweyo.

Sebenzisa ezi QR codes ukuze ukhuphele amaxwebhu okumakisha imisebenzi yohlolo.



Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wand

UHQLOLO LWELITHERESI IKOTA YESI-3 (Ingqamelana nephepha lamanqaku)

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 1
UHQlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

Eyedwa: Phendula imibuzo (malunga nezilo-qabane)
Iveki yesi-6 neyesi-7 Lwesithathu noLwesine (ngexesha lezobuGcisa) NT iphepha 95

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukuqonda imibuzo (ukuphulaphula imiyalelo)
- Ukunika iimpendulo ezifanelekileyo (ukuphendula ngendlela eyiyo)
- Ulwazi lolwimi: ukwakha ngendlela echanekileyo, intlaninge yesigama (ukuthetha ngamava abo)
- Language ability: correct structure, volume, pronunciation, speed, fluency
- Ukuthetha okusulungekileyo: ithoni, ukuphimisela, ukukhawuleza, utyibiliko

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 2
UHQlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

UHQlolo olubhalwayo: Ukuphulaphula ngengqiqo
Iveki yesi-8 Mvulo NT iphepha 92, 128

Indlela yokunika amanqaku:

Umbuzo 1	Umbuzo 2	Umbuzo 3	Umbuzo 3	Umbuzo 3
evenkileni (1)	isuphu (1)	iminqathe (1)	iwotshi (1)	ziza kohluka iimpendulo (1)

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA 3
UHQlolo olungekho seSikweni (amanqaku 5)

Ukuhlola iklasi: UkuPhulaphula nokuThetha nezinye izifundo ze-orali, Iveki yoku-1-7

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukuphulaphula abanye ngaphandle kokuphazamisa
- Ukulandela imiyalelo nezaziso
- Ukungenelela kwizicengcezel, imibongo neengoma
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo

UHLOLO

IZANDI 1 UHLolo oluseSikweni (amanqaku 5)				
Uhlolo olubhalwayo: Ukugqibezela igama (ngoonombini abafundisiweyo) Iveki yesi-8 Lwesine				
NT iphepha 132				
Indlela yokunika amanqaku: inqaku kwimpendulo nganye echanekileyo				
Impendulo yoku-1	Impendulo yesi-2	Impendulo yesi-3	Impendulo yesi-4	Impendulo yesi-5
b (1)	v (1)	ch (1)	gq (1)	qh (1)

IZANDI 2 UHLolo oluseSikweni (amanqaku 5)				
Uhlolo olubhalwayo: Ubizelo Iveki yesi-8 Lwesihlanu				
NT iphepha 128				
impendulo yamagama eyeleleneyo inqaku 1				

IZANDI 3 UHLolo olungekho seSikweni (amanqaku 5)				
NYY: Imisebenzi yokwakha amagama, uhlolo lokubizela, imisebenzi yeveki-1-7				
Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...				
kakwazi ukuchonga phantse bonke oonobumba nezandi ezifundisiweyo	Uchonga oonobumba nezandi ezimbalwa ezifundisiweyo	Uchonga inxenye yoonobumba nezandi ezifundisiweyo	Uchonga phantse bonke oonobumba nezandi ezifundisiweyo	Uchonga bonke oonobumba nezandi ezifundisiweyo
1	2	3	4	5

UKUFUNDA NENGQIQO 1
Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 10)

Eyedwa: Ukufunda ngokuvakalayo
Iveki yesi-7 Mvulo–Lwesihlanu

NT iphephas 81, 83, 85, 87, 89 & 127

Impendulo yamagama achanekileyo amanqaku 2
Impendulo yamagama eyeleleneyo inqaku 1

Ikhraytheriya

- Ukufunda ngesantya esifanelekileyo
- Ukuqaphela onke amagama abonwa rhoqo afundisiweyo
- Ukuphimisela igama angalaziyo
- Ukuqaphela iziphumlisi (kubonisa ukuba bafunda ngengqiqo)
- Ukufunda ngembonakalo enikisa umdla notyibiliko

UKUFUNDA NENGQIQO 2
Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 10)

Olubhalwayo: Ukufunda ngengqiqo
Iveki yesi-8 Lwesine

NT iphepha 98, 130-131

Indlela yokunika amanqaku:

Umbuzo 1	Umbuzo 2	Umbuzo 3	Umbuzo 4	Umbuzo 5	Umbuzo 6
ibhanana (1)	ibhanana (1) amanzi (1) umbona (1)	iminqathe (1)	zizakohluka iimpendulo (1)	zizakohluka iimpendulo (2)	zizakohluka iimpendulo (2)

UKUFUNDA NENGQIQO 3
Uhlolo olungekho seSikweni (amanqaku 5)

Ukuhlola iklasi / iqela: Ukufunda notitshala nokufunda ngamaqela Iveki 1–7

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhaytheriya

- Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokufunda notitshala
- Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokufunda ngamaqela
- Ukufunda neqabane kwisifundo sokufunda ngamaqela
- Ukuqaphela awona magama afundisiweyo abonwa rhoqo

UHLULO

UKUBHALA NGESANDLA 1
Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

Uhlolo lokubhala ngesandla
Iveki yesi-7 Lwesibini

NT iphepha 86

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukubamba ipensile ngokuchanekileyo
- Ukubhala oonobumba abancinci ngokuchanekileyo, ngokwendlela ababekwe ngayo emgceni
- Ukubhala phantse bonke oonobumba abakhulu kunye namanani ngokuchanekileyo
- Ukubhala amagama kushiya izithuba ezichanekileyo (phakathi kwamagama)
- Ukukhuphela izivakalisi ngokuchanekileyo

UKUBHALA NGESANDLA 2
Uhlolo olungekho seSikweni (amanqaku 5)

Imisibenzi yokubhala ngesandla neminye imisebenzi yokubhala Iveki 1–7

Indlela yokunika amanqaku:

Indlela abhala ngayo kwimisebenzi yokubhala ngesandla nakweminye imisebenzi ayamkelekanga	Indlela abhala ngayo kwimisebenzi yokubhala ngesandla nakweminye imisebenzi iyamkeleka ngamanye amaxesha	Indlela abhala ngayo kwimisebenzi yokubhala ngesandla nakweminye imisebenzi isondele kwindlela eyamkelekileyo	Indlela abhala ngayo kwimisebenzi yokubhala ngesandla nakweminye imisebenzi yamkelekile	Indlela abhala ngayo kwimisebenzi yokubhala ngesandla nakweminye imisebenzi isoloko igqwesile
1	2	3	4	5

UKUBHALA 1

UHQlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

UHQlolo lokuBhala: (Okona kutya ndikuthandayo)
Iveki yesi-8 Lwesithathu

NT iphepha 100

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukubhala izivakalisi nokuba zimbini
- Izimvo kunye nesigama (ubhala izivakalisi ezinika umdla esebenzisa intlaninge yesigama)
- Iimpawu zokubhala (oonobumba abakhulu ekuqaleni nasemagama abantu/iindawo, isingxi ekugqibeleni)
- Igrama (Amagama alandelelaniswe ngokuchanekileyo, ukusebenzisa imo yexesha, ukusebenzisa izibizo kunye nezimelabizo)
- Upelo (ukubonakalisa ulwazi lwezandi okanye amagama abonwa rhoqo)

UKUBHALA 2

UHQlolo olungekho seSikweni (amanqaku 10)

Ukuhlola iklasi: Izifundo zokubhala notitshala

Indlela yokunika amanqaku:

Akathathi nxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala	Ukhe athathe inxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala	Uyazibonakalisa ekuthatheni inxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala	Usolelo ethatha inxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala	Uthe gqolo ukuthatha inxaxheba kwizifundo zokubhala notitshala
1	2	3	4	5

Umsebenzi obhalwa wedwa Iveki 1-7 (ngokukhethekileyo iveki yesi-2: ikhadi lombulelo)

Imisebenzi ebhalwa uwedwa akayenzi kakuhle	Imisebenzi ebhalwa uwedwa iyamkeleleka kwezinye undawana	Imisebenzi ebhalwa uwedwa ikumgangatho owamkelekileyo	Imisebenzi ebhalwa uwedwa ikumgangatho oncomekayo	Imisebenzi ebhalwa uwedwa ukwelona nqanaba liphezulu
1	2	3	4	5

UHQLOLO

UHQLOLO LWEZAKHONO ZOBOMI LWEKOTA YESI-3 (ingqamelana nephepha lamanqaku)

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 1

UHQlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

Ukubhala: Ukuchonga izinto ezifunwa zizilo-qabane
Iveki yesi-8 Lwesibini

NT iphepha 70, 126

Indlela yokunika amanqaku

2 amanqaku kwimfuno nganye echanekileyo (5 aphezulu)

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 2

UHQlolo oluseSikweni (amanqaku 10)

Ukubhala: Ukulandelelanisa nokufaka ileyibhuli lwesityalo esikhulayo
Iveki yesi-8 Lwesithathu

NT iphepha 93, 129

Indlela yokunika amanqaku

2 amanqaku kumfanekiso ofakwe ileyibhuli waze walandelelaniswa ngendlela echanekileyo

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 3

UHQlolo olungekho seSikweni (amanqaku 10)

NY: ULwazi olusiSiseko/PN amaphepha Iveki 1-7

Indlela yokunika amanqaku:

Ambalwa amaphepha agqityiweyo olwazi olusiSiseko/PN	Amanye amaphepha olwazi olusiSiseko/PN agqityiwe	Uninzi lwamaphepha olwazi olusiSiseko/PN agqityiwe	Phantse onke amaphepha olwazi olusiSiseko/PN agqityiwe	Onke amaphepha olwazi olusiSiseko/PN agqityiwe
1	2	3	4	5
Imisebenzi isoloko ingachanekanga	Eminye imisebenzi ichanekile	Imisebenzi isoloko ichanekile	Phantse yonke imisebenzi ichanekile	Yonke imisebenzi ichanekile
1	2	3	4	5

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN 4

UHQlolo olungekho seSikweni (amanqaku 10)

Ukuhlola ikhlayi: Ukuthatha inxaxheba kwintlanganiso yakusasa kwiveki 1-7

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhlayitheriya yoku-1	Ikhlayitheriya yesi-2	Ikhlayitheriya yesi-3	Ikhlayitheriya yesi-4	Ikhlayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhlayitheriya

- Ukuphulaphula abanye ngaphandle kokuphazamisa
- Ukuthatha inxaxheba kwintlanganiso
- Ukuphendula ngendlela eyeyiyo kwabanye, umzekelo, ukubonisa imvakalelo
- Ukubonisa izinto ezintsha azifundileyo malunga nekhlayi, imo yezulu, njalo njalo

EZOBUGCISA OBUBONWAYO 1
Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

UMajeke nomthi weemboty
Iveki yesi-6 Mvulo

NT iphepha 93

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukuzoba izinto ezicacileyo ezineenkukacha (iinwele, amehlo, njalo njalo)
- Ukusebenzisa sonke ithuba asinikiweyo
- Ukusebenzisa imibala eyiyo efanelekileyo
- Ukubamba ipensile kunye nekhayoni kakuhle (imigca, ukucinezela ngendlela efanayo xa efaka imibala)
- Umzobo owenziwe ngobuchule

EZOBUGCISA OBUBONWAYO 2
Uhlolo olungekho seSikweni (amanqaku 10)

NY: Jonga onke amaphepha ezobuGcisa (obubonwayo) yeveki 1-7
Uhlolo lweklasi: Isakhiwo esi-3-D (izitalato zelali, isilo-qabane ozibona unaso, isijingisi); 2-D (isahluli maphepha, uqweqwe lwencwadi, ikhadi lesifungo, iintyatyambo yesimilo esilungileyo)

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

2-D: Ikhayitheriya yoku-1	2-D: Ikhayitheriya yesi-2	2-D: Ikhayitheriya yesi-3	2-D: Ikhayitheriya yesi-4	2-D: Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5
3-D: Ikhayitheriya yoku-1	3-D: Ikhayitheriya yesi-2	3-D: Ikhayitheriya yesi-3	3-D: Ikhayitheriya yesi-4	3-D: Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

2-D:

- Yonke imisebenzi yezobuGcisa igqityiwe
- Ukubonakalisa ubuchule ekubumbeni
- Izinto/iimilo ezibonakalayo/ukufaka imibala efanelekileyo
- Ukusika ngobuchule
- Ukuqonda ipatheni

3-D:

- Izinto ezibunjiweyo zezo zemibono yabo/zibonakalisa ubuchule
- Zomelele/zenziwe ngocoselelo
- Indlela eyiyo yokubamba isikere, ipeyinti kunye neglu ziyabonakala

UHLOLO

EZOBUGCISA OBEQONGA 1

Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

Ukulinganisa: Umdlalo *UMajeke nomthi weembotyi*
Iveki 6 Mvulo-Lwesibini

NT iphephas 81, 83, 107 & 109

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukuzithemba
- Ilizwi livakala ngokucacileyo
- Iintshukumo zomzimba/balingisa ngokufanelekileyo
- Incoko ibekwe ngendlela eyiyo
- Indlela eyiyo yokubamba isikere, ipeyinti kunye neglu ziyabonakala

EZOBUGCISA OBEQONGA 2

Uhlolo olungekho seSikweni (amanqaku 5)

Uhlolo lweklasi: Imidlalo kwizifundo zobuGcisa (beQonga) Iveki 1-7

Indlela yokunika amanqaku: Amanqaku aphezulu ma-2 kwikhayitheriya nganye

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Ukuthatha inxaxheba ebonakalisa kwezobuGcisa (beQonga)
- Ukubonakalisa izakhono kwezobuGcisa (beQonga) (iintshukumo, nelizwi)
- Ukufakelela ezakhe iindawo (ekudloleni indawo, iingcaciso)
- Ukujekula ngokuzithemba (ujonga abantu, indlela ama ngayo)

EZEMITHAMBO 1

Uhlolo oluseSikweni (amanqaku 5)

Ngamaqela: ukulandelelana kweentshukumo
Iveki yesi-7 Lwesine, Lwesihlanu

NT iphepha 87 & 89

Indlela yokunika amanqaku: Uyakwazi ...

Ikhayitheriya yoku-1	Ikhayitheriya yesi-2	Ikhayitheriya yesi-3	Ikhayitheriya yesi-4	Ikhayitheriya yesi-5
1	2	3	4	5

Ikhayitheriya

- Iintshukumo zamalungu omzimba – ushukuma ngendlela efanelekileyo
- Indlela eyiyo yokusebenzisana kwamalungu (iliso-isandla-unyawo)
- Indlela eyiyo yokuxhathisa nokuzinza
- Icala – amacala omabini omelele

EZEMITHAMBO 2

Uhlolo olungekho seSikweni (amanqaku 10)

Uhlolo lweklasi: Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zemithambo yangaphakathi neyaphandle iveki 1-7


Indlela yokunika amanqaku: Amanqaku aphezulu ma-4 kwikhayitheriya nganye

	1 Inqaku	2 amanqaku	3 amanqaku	4 amanqaku
Ukomelela nokubanomxhino	Akaqhubanga	Uzamile	Uqhube kakuhle	Ugqwesile
Ukuba namandla	Akaqhubanga	Uzamile	Uqhube kakuhle	Ugqwesile
Ukuba nesantya	Akaqhubanga	Uzamile	Uqhube kakuhle	Ugqwesile
Ukusebenzisana kwamalungu omzimba, isakhono sokuqonda intshukumo, ukuzixhathisa	Akaqhubanga	Uzamile	Uqhube kakuhle	Ugqwesile
Ukuthatha inxaxheba (kwimidlalo namaqela ezemidlalo)	Akaqhubanga	Uzamile	Uqhube kakuhle	Ugqwesile

Zoba umgca udibanisainja nezinto ezifunayo.



ibhayisekile



ukufudumala



uthando



ukutya




iayisikrim



inja




umnqwazi



ukhuseleko



amanzi



ikati



ukuzilolonga

Funda ezi zivakalisi.

1



UThabo ufunda incwadi yakhe ayifumene kwithala leencwadi.

2



Ukuba uyalahleka ipolisa lingakunceda.

3



Ikati sasiyipha ukutya namanzi yonke imihla.

4



UTshikana wakhwaza, “Ndincedeni!”

5



Yathi xa iqala ukukhula imbewu, ndayityala emhlabeni.

6



UMajeke wathatha isikhukukazi esasibeke amaqanda egolide.


7




“Siyayithanda isuphu yakho, mama!” batsho abantwana.

Khetha impendulo echanekileyo.



1 Liqhubeka phi eli bali?


☐

☐

2 U-Anna nomama wakhe babeyithengela ntoni imifuno? Ukwenza i...


☐

☐

3 Wayifumana phi u-Anna iwotshi? Ebhokisini ye...


☐

☐

4 Wayekhalela ntoni uVera? Wayelahlekelwe yi...


☐



☐

5 Lisifundisa ntoni eli bali? (Phendula ngawakho amazwi.)

Zikhula njani izityalo


- Beka imizobo ngokulandelelana. Bhala amanani ukusuka kul-5.
- Nika igama elichanekileyo.

imbewu ingcambu isiqu amagqabi iintyatyambo



Izimuncu - muncu ezinesondlo

Ukutya ukutya okusempilweni kusanceda ukuba sigcine imizimba yethu isempilweni. Aba bafundi beBanga loku-1 bachonge izimuncu-muncu abazithandayo.

	Sipho	John	Mavis	Thoko	Ron	Neo
	✓		✓		✓	✓
		✓		✓		
						
		✓				
			✓			✓
			✓			
	✓					
		✓		✓		

Funda iphepha uze uphendule mibuzo.

1 Sesiphi esona simuncu-muncu sithandwayo?

2 Sesiphi esona simuncu-muncu uJohn asithandayo?


3 Sesiphi esona simuncu-muncu singathandwa mntu?

4 Bhala isimuncu-muncu sibe singe esingekho sempilweni.

5 Zibaluleke ngantoni izimuncu-muncu ezisempilweni?

6 Sesiphi esona simuncu-muncu usithanda kakhulu?

Fakela izandi ezishiyiweyo kula magama.




luhaza



a adlali



isikho a



i ibi



i iwa



i ina